ISIXHOSA

I-*Vula Bula* yinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kanajalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.

VulaBula

## Incwadi yamabali • Ibanga lesi-3


Ibali-33 Iyandilibazisa le kawusi
Ibali-34 Kutheni na enje?
Ibali-35 Iqhekeza lokugqibela
Ibali-36 Limdaka eli gumbi!
Ibali-37 Utata usele nosana
Ibali-38 Ujikeleza
Ibali-39 Kumnandi ukunikela
Ibali-40 Umfanekiso wesakheko
Ibali-41 Lelikabani eli vili?
Ibali-42 Ihlebo
Ibali-43 Ngubani owophule ifestile?
Ibali-44 Sibhaka nomakhulu
Ibali-45 Ncedani bo!
Ibali-46 Uphi uZinzi?
Ibali-47 Iyho! Mkhulu lo mnqathe!
Ibali-48 Sidlala undize
Ibali-49 UThenjiwe uthenga impahla
Ibali-50 Isuphu yelitye
Ibali-51 Mamela ingoma
Ibali-52 Kuhlala bani apha?
Ibali-53 Yhini, Mnumzana Nkawu!
Ibali-54 Idabi lomoya nelanga
Ibali-55 Amalungiselelo ohambo
Ibali-56 Kusebusuku efama
Ibali-57 Imbovane nentothoviyane
Ibali-58 Izinyo
Ibali-59 Umvundla nofudo
Ibali-60 Ilizwe lethu uMzantsi Afrika
Ibali-61 Idolophu yam
Ibali-62 Ingonyama nempuku
Ibali-63 Iminqweno emithathu
Ibali-64 Abazingeli


Amabali ebanga abonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimoleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi ubugcisa bokwazi ukubisa ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhiwe lula nacacileyo nesigama esihelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo ephelelelyo yenza kube lula ukuqonda.

MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY

CC BY NC ND

ISIXHOSA

# Incwadi yamabali




isiXhosa Ibanga lesi- 3

Igama lomfundi:

Ibanga:

MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY

VulaBula

## TO PRINCIPALS AND TEACHERS

**What are these books?**
This book is a collection of stories at the right level for your child's grade. The stories at the beginning of the book are easier to read than the stories at the end. This is for use in the classroom during group guided reading, paired reading and/or individual reading, as well as to be taken home for practice.

There is an anthology for each grade in Grades 1-3. They are at the right level for most children in the grade. Your school may already have sets of small readers for group guided reading in the Foundation Phase. This collection should supplement these. You should still order additional graded readers as part of your LTSM budget as per normal.

**How do we use these books?**

**1. For group guided reading**: At the beginning of the year the teacher does a quick individualised reading test with each child in order to place them in same-ability groups with other children who are at a similar reading level.

Every day the teacher spends 30 minutes on group guided reading where she uses the anthology with a group of 6-8 children. She should read with each group once or twice a week. She should start with the first story and have the children work through the following stories in the group as they progress. It is important that children read stories at their level. If they are struggling with a story (e.g. Story 17) they should move to an easier story (e.g. Story 16 or 15). During the lesson the children take turns to read aloud from the book, while the teacher listens carefully and helps them if they struggle. Some groups will find the earlier stories very easy; let those groups move on to more advanced level stories. Other groups need more time and more help before moving to the next story. If a group struggles with the very first story in the book, we recommend that you use the anthology from the previous year.

**2. For paired reading**: Children can take turns to quietly read a story to each other. They can do this while the teacher is working with a smaller group on the mat.

**3. For independent reading** in the class or at home: Children can sit and read stories silently on their own. Also send the book home with the children so they can practise reading at home. Tell the children to take the book home so their parents can help them to read it. There is a note at the end of the anthology guiding parents on how to use this book.

**Can children take the book home?**
Yes! Children must take the book home, but they should bring it to school every day to read in class.

**What happens if children do not bring the book back to school?**
Teach children how to look after their book and remind them to bring the book back to school each day. If a child forgets to bring the book from home, let the child share with someone else.

**What happens if children finish the stories for their grade?**
Encourage children to read each story repeatedly until they are fluent before moving on to the next story. Use your judgement to decide if children are ready to move on to the next grade's book.

### Incwadi yamabali • Ibanga loku-1


Ibali-1 Bala
Ibali-2 Hayi!
Ibali-3 Vula vala
Ibali-4 Coca
Ibali-5 Baleka
Ibali-6 Lala
Ibali-7 Zoba usike
Ibali-8 Mamela
Ibali-9 Jika
Ibali-10 Umnikelo
Ibali-11 Utata usele nosana
Ibali-12 Sebeza
Ibali-13 Hayi!
Ibali-14 Vula vala
Ibali-15 Baleka!
Ibali-16 Lala
Ibali-17 Bala
Ibali-18 Coca
Ibali-19 Zobu usike
Ibali-20 Mamela
Ibali-21 Jika
Ibali-22 Utata usele nosana
Ibali-23 Umnikelo
Ibali-24 Lelikabani eli vili?


### Incwadi yamabali • Ibanga lesi-2


Ibali-25 Uhambo
Ibali-26 Sebeza
Ibali-27 Ekhaya
Ibali-28 Ncedani!
Ibali-29 Yophukile ifestile
Ibali-30 Uphi uZinzi?
Ibali-31 Sityiwe isonka
Ibali-32 Sidlala undize
Ibali-33 Izinyo
Ibali-34 Evenkileni yempahla
Ibali-35 Umnqathe omkhulukazi
Ibali-36 Ibali lobugqi
Ibali-37 Ccinela ingomso
Ibali-38 Isuphu yelitye
Ibali-39 Idabi lomoya nelanga
Ibali-40 Umvundla nofudo
Ibali-41 Ingonyama nempuku
Ibali-42 Ukubhaka nomakhulu
Ibali-43 Edolophini
Ibali-44 UMzantsi Afrika ngowethu


### Incwadi yamabali • Ibanga lesi-3


Ibali-33 Iyandilibazisa le kawusi
Ibali-34 Kutheni na enje?
Ibali-35 Iqhekeza lokugqibela
Ibali-36 Limdaka eli gumbi!
Ibali-37 Utata usele nosana
Ibali-38 Ujikeleza
Ibali-39 Kumnandi ukunikela
Ibali-40 Umfanekiso wesakheko
Ibali-41 Lelikabani eli vili?
Ibali-42 Ihlebo
Ibali-43 Ngubani owophule ifestile?
Ibali-44 Sibhaka nomakhulu
Ibali-45 Ncedani bo!
Ibali-46 Uphi uZinzi?
Ibali-47 Iyho! Mkhulu lo mnqathe!
Ibali-48 Sidlala undize
Ibali-49 UThenjiwe uthenga impahla
Ibali-50 Isuphu yelitye
Ibali-51 Mamela ingoma
Ibali-52 Kuhlala bani apha?
Ibali-53 Yhini, Mnumzana Nkawu!
Ibali-54 Idabi lomoya nelanga
Ibali-55 Amalungiselelo ohambo
Ibali-56 Kusebusuku efama
Ibali-57 Imbovane nentothoviyane
Ibali-58 Izinyo
Ibali-59 Umvundla nofudo
Ibali-60 Ilizwe lethu uMzantsi Afrika
Ibali-61 Idolophu yam
Ibali-62 Ingonyama nempuku
Ibali-63 Iminqweno emithathu
Ibali-64 Abazingeli

## KWIINQUNUNU NAKOOTITSHALA

**Zintoni ezi ncwadi?**
ISebe lezeMfundo leMpuma Koloni libonelela umntwana ngamnye nge-anthology (umqulu wegqokelela yamabali). Oku kungasetyenziswa eklasini ngexesha lokufunda ngamaqela, ukufunda ngababini, nokuzifundela ngokuzimeleyo kwakunye nokufunda ekhaya.

Kukho i-anthology kwibanga ngalinye, amaBanga R-3. Zikwinqanaba elifanelekileyo lwabantwana abaninzi kwibanga ngalinye ukuze babenakho ukuziqhelanisa noonobumba nezandi. Isikolo sakho kunokwenzeka ukuba sele sinazo iincwadi ezincincinane zalamabali, esiwasebenzisa kwizifundo zokufunda ngamaqela kumabanga akwisiGaba esisisiSeko. Lomqulu walengqokelela yalamabali kufuneka usebenzisane noku. Kufuneka uqhubekeke ukusebenzisa ibhajethi yeLTSM yesikolo sakho njengesiqhelo, ukongeza iincwadi zokufunda ezikumanqanaba ohlukileyo.

**Sizisebenzisa njani  ezincwadi?**

**1. Ukufunda ngamaqela**: Ekuqaleni konyaka utitshala wenza uvavanyo olukhawulezileyo lokufunda komntwana ngamnye ukuze abekwe kwiqela elinye lwabantwana abakwinqanaba elifanayo lokufunda. Ngosuku ngalunye utitshala uchitha imizuzu engama-30 kufundo ngamaqela apho asebenzisa i-anthology kwiqela labantwana aba-6 ukuya kwisi-8. Kufanele afunde kunye neqela ngalinye kanye okanye kabini ngeveki. Kumele utitshala aqale ngebali lokuqala aze aqhubekeke nabantwana ukuya kumabali alandelayo. Njengoko beqhubela phambili kubalulekile ukuba abantwana bafunde amabali akumgangatho wabo. Ukuba bayohlulakala ukufunda ibali (umz. Ibali-17) kufuneka bafunde ibali elilula (umz. Ibali-16 okanye 15).

Ngethuba lesifundo utitshala unika umntwana ngamnye ithuba lokufunda ngokuvakalayo kwincwadi, ngelixa utitshala ephulaphule ngononophelo kwaye uncedisa umntwana ngamnye ngeendlela zokufunda ngokuqonda. Amanye amaqela anakho ukufunda ngotyibiliko amabali alula - makavunyelwe aqhubekeke phambili ngokufunda amabali akumgangatho ophezulu. Amanye amaqela adinga ixesha kunye noncedo, phambi kokuya kumabali akumgangatho elandelayo. Ukuba iqela linokosokola ekufundeni ibali lokuqala kwincwadi, sikhuthaza ukuba usebenzise i-anthology yebanga langaphimbili kweli.

**2. Ukufunda ngababini**: Abantwana ababini banokutshintshana befundelana ngelizwi elisezantsi kumabali akulencwadi. Bangakwenza oku ngelixa utitshala esebenza kunye neqela elincinci.

**3. Ukufunda ngokuzimeleyo** eklasini okanye ekhaya: Vumela abantwana ukuba bahlale phantsi kwaye bafunde ngokuzimeleyo naliphi na ibali, befundela ngaphakathi. Kwakhona thumela incwadi ekhaya kunye nomntwana ukuze afunde ekhaya. Xelela abantwana ukuba bazithathe ezincwadi bazise ekhaya ukuze abazali babo babancedise ukufunda. Kukho umyalezo ekupheleni kwe-anthology ocacisela abazali ukuba bangayisebenzisa njani le ncwadi.

**Ingaba abantwana bangaya nazo ekhaya?**
Ewe! Abantwana bangaya nazo iincwadi ekhaya, kodwa kufanele baze nazo esikolweni imihla ngemihla ukuze bafunde eklasini. Ekupheleni konyaka, banakho ukuzigcina iincwadi zabo. Ngonyaka ngamnye isikolo siya kufumana iseti entsha yeencwadi zebanga lokuqala ukuya kwelesithathu.

**Kuzakwenzekani ntoni ukuba abantwana ababuyeli nazo iincwadi esikolweni?**
Fundisa abantwana ukuba banakekele njani iincwadi zabo kwaye bakhumbuze ukuba babuye naza iincwadi emakhaya. Ukuba umntwana ulibele ukuza nencwadi esikolweni, makajongisane nomnye umntwana.

**Ingaba siza kufumana kwakhona iincwadi kunyaka ozayo?**
Ewe, iincwadi ezintsha ziya kukhutshwa minyaka yonke. Oku kuthetha ukuba abantwana banakho ukugcina iincwadi zabo ekupheleni konyaka.

**Yintoni emayenzeke xa abantwana begqiba amabali akwibanga labo?**
Khuthaza abantwana ukuba bafunde amabali bawaphindaphinde de bafunde ngotyibiliko phambi kokuba bagqithele kwibali elilandelayo. Sebenzisa uluvo lwakho ukugqiba ukuba ingaba abantwana bakulungele ukudlulela kumabali ebanga elilandelayo. Isikolo siya kuba neencwadi ezongezelelweyo ukufezekisa le njongo.

# Isiqulatho

**Incwadi yamabali • Ibanga yesi-3**


Ibali-45 Iyandilibazisa le kawusi ........ 1
Ibali-46 Kutheni na enje? ........ 11
Ibali-47 Iqhekeza lokugqibela ........ 21
Ibali-48 Limdaka eli gumbi! ........ 31
Ibali-49 Utata usele nosana ........ 41
Ibali-50 Ujikeleza ........ 51
Ibali-51 Kumnandi ukunikela ........ 61
Ibali-52 Umfanekiso wesakheko ........ 71
Ibali-53 Lelikabani eli vili? ........ 81
Ibali-54 Ihlebo ........ 91
Ibali-55 Ngubani owophule ifestile? ........ 101
Ibali-56 Sibhaka nomakhulu ........ 111
Ibali-57 Ncedani bo! ........ 121
Ibali-58 Uphi uZinzi? ........ 131
Ibali-59 Iyho! Mkhulu lo mnqathe! ........ 141
Ibali-60 Sidlala undize ........ 151
Ibali-61 UThenjiwe uthenga impahla ........ 161
Ibali-62 Isuphu yelitye ........ 171
Ibali-63 Mamela ingoma ........ 181
Ibali-64 Kuhlala bani apha? ........ 191
Ibali-65 Yhini, Mnumzana Nkawu! ........ 201
Ibali-66 Idabi lomoya nelanga ........ 211



Ipapashwe 2018 ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy
Zisekwe kwinvelo yothotho lweencwadana exhaswe yi-Zenex Foundation

**Incwadi yamabili: Ibanga lesithathu**

- Umhleli wothotho: Jenny Katz
- Abaqambi bamabali: Jenny Katz no Mirna Lawrence
- Umsebenzi: Jenny Katz
- Incutshe kulwimi isiXhosa: Nolitha Bikitsha
- Umzekelisi: Iyandilibazisa le kawusi, Kutheni na enje?, Utata usele nosana - Rob Owen • Iqhekeza lokugqibela, Limdaka eli gumbi!, Ujikeleza, Iyho! Mkhulu lo mnqathe!, Sidlala undize, UThenjiwe uthenga impahla - Sandy Lightley • Kumnandi ukunikela, Lelikabani eli vili?, Yhini, Mnumzana Nkawu! - Vusi Malindi • Umfanekiso wesakheko, Kuhlala bani apha? - Sandy Campbell • Ncedani bo!, Mamela ingoma, Idabi lomoya nelanga - Marleen Visser • Ihlebo, Ngubani owophule ifestile?, Uphi uZinzi?, Isuphu yelitye - Shayle Bester • Sibhaka nomakhulu - Iifoto: Umuzi Photo Club (ongazenzisiyo umbulelo kuEvelyn Seipati Selema, uBirdie Nkuwe Bambo noKololo Phasha)



Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute the Molteno Institute for Language and Literacy, but you may not change this work in any way or use it commercially.


© 2018 Molteno Institute for Language and Literacy



Website: www.vulabula.co.za

ISBN 978-1-77580-688-2

# Iyandilibazisa le kawusi



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo
umqheba, ukubuthama, ugcwabevu

Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo
engwevu, ngokukhawuleza, iyangcangcazela

Kusekuseni phakathi evekini. UVuyo usegumbini lakhe lokulala ulungiselela ukuya esikolweni. Unxiba ihempe yesikolo emhlophe, ijezi yesikolo eluhlaza nebhulukhwe yesikolo emfutshane engwevu. Unxiba nekawusi ende engwevu.

UVuyo ufuna ukunxiba enye ikawusi kodwa ayifumaneki ndawo. Ukhangela phantsi kweengubo. Ukhangela phantsi kwebhedi. Ukhangela phakathi ezihlangwini zakhe. Ukhangela etyesini. Ikawusi ayibonakali, ayifumaneki.

Uyema uVuyo uyacinga, ‘Mhlawumbi ilapha kule kasi yempahla le kawusi. Mandikhangele.


UVuyo utsala umqheba uvula ikasi yempahla.



'HAYI! *Yho-o-o!*' uyakhala ekhwaza uVuyo.

Akukho kawusi kule kasi yempahla. Endaweni yekawusi, uVuyo ubona isigcawu esikhulu esimnyama esinoboya!

UVuyo uvala ucango lwekasi ngokukhawuleza. Ubambelela ekasini ayame ngomva, imilenze iyangcangcazela ngumothuko. Saze sandoyikisa ke esi sigcawu ndingalindelanga!




Uyacinga kwakhona uVuyo. 'Ukuba ayikho kweli gumbi lokulala le kawusi, inokuba mhlawumbi ndiyishiye kwela gumbi lokuphekela. Mandiye kuyikhangela.'

Uyahamba uVuyo uya egumbini lokuphekela. Ukhangela phantsi kwetafile. Ukhangela ekhabhathini. Ukhangela emva kweembiza. Ikawusi ayibonakali, ayifumaneki.

UVuyo ubona kwalapha egumbini lokuphekela ibhokisi eluhlaza egcina izinto zokusebenza. 'Mhlawumbi ilapha kule bhokisi le kawusi. Mandikhangele.'


UVuyo uphakamisa isiciko uvula ibhokisi.



‘INTONI! *Yho-o-o!*’ uyakhala ekhwaza uVuyo.


Akukho kawusi kule bhokisi yokugcina izinto zokusebenza. Endaweni yekawusi, uVuyo ubona inyoka ebuthamileyo, emdaka!

UVuyo ubuyisela isiciko uvala ibhokisi ngokukhawuleza. Ubambelela ebhokisini imilenze iyangcangcazela ngumothuko. Yinyoka efuna ntoni le apha! Yho! Yaze yandoyikisa, ndingalindelanga!



‘Ikawusi yam ayikho egumbini lokulala. Ayikho nakweli gumbi lokuphekela. Mhlawumbi ndiyishiye kwela gumbi lokuvasela. Mandiye kuyikhangela,’ uyacinga uVuyo.

Uyahamba uVuyo uya egumbini lokuvasela. Ucango lwegumbi luvaliwe. Engxamile uVuyo, uvula ngamandla ucango lwegumbi lokuvasela.



‘UNGUBANI! UFUNA NTONI!’ uyakhwaza udade boVuyo.

‘*Yho-o-o!* HAYI! Uxolo!’ uyakhwaza uVuyo, ecela uxolo.

Akukho kawusi egumbini lokuvasela. Endaweni yekawusi, uVuyo uthi gqi kudade wabo olugcwabevu ngumsindo, evasa.


UVuyo uvala ucango lwegumbi ngokukhawuleza. Ubambelela, ayame elucangweni, imilenze iyangcangcazela ngumothuko. Iyho! Yandothusa ke le ndiyenzileyo! Bendingazi ukuba kukho umntu apha!



UVuyo ubuyela egumbini lakhe lokulala. Unexhala usengxakini isikolo singenile. Uyazi futhi ukuba uza kuba senkathazweni xa enxibe iikawusi ezingezizo ezesikolo.

Esami apho, ebhidekile uVuyo, uva into imtsala apha ebhulukhweni ngemva. Xa esithi uyajika, uyajonga, ubona udade wabo omncinane uLebo emi emva kwakhe. Inokuba yintoni? Utsala ntoni? UVuyo uyajikela futhi emva kwakhe…

Tyhini! Yile kawusi! ULebo uyifumene ikawusi ebilahlekile. Kanti lonke eli xesha ijinga apha ngemva kule bhulukhwe yakhe!



# Iyandilibazisa le kawusi

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Wayesiyaphi uVuyo? Wazi kanjani?
2. Wayekhangela ntoni uVuyo?
3. Yelelisa indawo nento eyafumaneka kuyo:

| | | | |
|---|---|---|---|
| a) | ikasi yempahla egumbini lokulala | ☐ | inyoka |
| b) | egumbini lokuvasela | ☐ | isigcawu |
| c) | ibhokisi egumbini lokuphekela | ☐ | udade wabo omdala |

4. Wayemcaphukise ngantoni udade wabo uVuyo?
5. Ngubani uLebo?
   a) Ungudade boVuyo omncinane.
   b) Ungudade boVuyo omdala.
   c) Ungumhlobo kaVuyo.
6. Ekugqibeleni, wayifumana phi ikawusi yakhe uVuyo?
7. Kunjalo okanye akunjalo? UVuyo wakhangela ikawusi yakhe:
   a) emva kwekhetini ________
   b) phantsi kwengubo naphantsi kwebhedi ________
   c) phezu kwendlu ________
8. Ucinga ukuba wenza ntoni uVuyo akufumana ikawusi yakhe?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 118**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 87, 88**


Fumana okuncinane amagama amane angemibala ebalini. Bhala igama lombala nento leyo eliwuchazayo, umzekelo: *ibhulukhwe emfutshane engwevu.*

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 36, 38**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 18, 86, 106, 109**

Linganisa ngathi unguVuyo. Bhalela umhlobo wakho umbalisela ibali lokulahleka kwekawusi yakho.

# Kutheni na enje?



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo
vuxa, ingqalelo, ufane enze

Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo
yinkwenkwana, engenankathalo, ayiqhotyoshwa, ayihlohlwa, nasebhulukhweni, ngokufanelekileyo, ayibotshwa, wandiminxisela, iinkonkxa, nangokunyamekileyo, uyatyhudisa, uyangxama

UVelile yinkwenkwana engenankathalo.

Indlela anxiba ngayo, ayibukeki nje tu kwaphela. Ihempe yakhe yesikolo ayiqhotyoshwa, kunjalo nje ayihlohlwa nasebhulukhweni ngokufanelekileyo. Imitya yezihlangu zakhe ayibotshwa, iyajinga nje iyalenga-lenga. Iikawusi zihlala vuxa ezinyaweni, akazinyusi njengoko kufanele. Iincwadi zona akaziqoqoshi, azibeke kakuhle kubhaka, ziyajinga, ziyakrazuka, ziyawa. Ungumntu nje ofane enze, akacingi.

'Hayi! Awuboni na! Uphantse wandiminxisela ngesango!' uyakhwaza udade wabo, ephepha.

UVelile kunjalo, akahoyi akamameli. Udlula engxamile, engakhathali!




UVelile yinkwenkwana engaqapheliyo.

Ubeka ubomi bakhe engozini. Unqumla indlela nje naphina. Akanyameki, anike ingqalelo, iirobhothi. Akazilindi zibe luhlaza. Akajongi ekunene, ajonge ekhohlo, abuye ajonge ekunene phambi kokuba awele. Uvela nje awele, anqumle, ebaleka, engajonganga.

'Wenzani! Awuboni ukuba ndiphantse ndakutshayisa! Ubolumka! Uza kwenzakala ukuba awuqapheli!' uyangxola umqhubi weteksi.

UVelile kunjalo, akahoyi, akamameli. Unqumla, ebaleka, angaqapheli!



UVelile yinkwenkwana engenamonde.

Uyangxama, uyatyhudisa, ugila abantu. Akahambi ngokuzola xa kuhanjwa ekunye nabanye abafundi. Akemi, alinde elakhe ithuba lokuncedwa, lifike. Uyatyhiliza, atyhudise, angenelele emigceni.

‘Sukungenelela! Uyandingqūba nokundingqūba! Yiya kuma ngemva emgceni!’ uyakhalaza uSipho.

UVelile kunjalo, akahoyi akamameli. Uyatyhudisa, angenelele, akanamonde!



UVelile yinkwenkwana elixelegu.

Akanambeko, engayihloniphi indawo ebukekayo necocekileyo. Amaphepha nezinto ezimdaka akazilahli emgqomeni. Isikolo akasigcini sicocekile. Iinkonkxa neebhotile akaziqoqoshi ukuze zibe nokusetyenziswa kwakhona. Ujula alahle izinto ezingcolileyo nje naphina.

'Hayi wena! Yeka le nto uyenzayo! Lahla inkunkuma yakho emgqomeni! Yeka ukungcolisa indawo le yonke!' uyayalela umfundi ongumphathi.

UVelile kunjalo, akahoyi akamameli. Uyangcolisa kube mdaka.



UVelile yinkwenkwana engenasimilo.

Akabahloniphi abantu, akazihloniphi izinto zabanye abantu. Uyazithathela nje, akaceli, aboleke xa efuna ukusebenzisa izinto zabanye abantu. Uyazixutha izinto ebantwini bazo, azisebenzise ngaphandle kwemvume yabo.

'Hayi wena, yeka, suka! Ziikhrayoni zam ezi. Hayi! Buyisa! Sapha!' uyakhala uAyanda.

UVelile kunjalo, akahoyi nto, akamameli. Uyabahlupha abanye kwaye uyabakhalisa!



UVelile uhlala phantsi, acinge ngendlela ayichithe ngayo imini yakhe. Uyakhathazeka akufumanisa ukuba akukho mntu uyithandayo indlela aziphatha ngayo. Ukhumbula namazwi abo bonke, nezinto ebebezithetha kuye. 'Hayi! Awuboni na! Wenzani! Yiya kuma ngemva emgceni! Yeka ukungcolisa indawo le yonke! Hayi! Buyisa! Sapha!'

Uyazicinga zonke ezi zinto azenzileyo ngayo le mini. Uphantse waminxisela udade wabo ngesango. Uwele, wanqumla indlela, ebaleka, engajonganga. Utyhilize uSipho, watyhudisa, engenelela emgceni. Ujule, walahla inkunkuma yonke indawo, engcolisa. Uzithathele iikhrayoni zika-Ayanda, engazibolekanga.

'Kanti ndinje! Ndiyasibona isizathu sokuba abantu baxabane nam. Kumele ndifunde ukuziphatha kakuhle,' uyacinga uVelile.



Ngemini elandelayo, ukuphuma kwesikolo, uVelile ulinda udade wabo. Ude amvulele isango ukuba adlule. Udade wabo uyancuma, emangalisiwe ukumbona, ekhangeleka ecocekile, ebukeka.

UVelile uyema ezirobhothini, balinde ukunqumla indlela nodade wabo ngokomthetho wendlela nangokunyamekileyo. Ndithi nenkunkuma uyakhumbula ukuyilahla emgqomeni, akayijuli nje naphi na.

Kukhangeleka ngathi ekugqibeleni uVelile ubamamele abantu. Ungumntu owahlukileyo ngoku, uziphatha kakuhle.

Ungabisayeka Velile. Nalo ke inene!



# Kutheni na enje?

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Eli bali linge ________________________.
   a) nkwenkwana etshayiswa yiteksi
   b) nkwenkwana engakwazi ukuziphatha kakuhle
   c) nkwenkwana ethandwa ngabantu bonke
2. Ngawaphi amagama kula angezantsi achaza isimo sikaVelile ekuqaleni kwebali?
   a) unomsindo uyangxola
   b) wonwabile unobubele
   c) akakhathali, akamameli
3. Ingaba umqhubi weteksi wayemngxolisela ntoni uVelile?
4. Ingaba abanye abafundi babeziva njani koku kutyhudisa kukaVelile engenelela emgceni?
5. UVelile wayemcaphukise ngantoni uAyanda? Kwakufuneka ukuba uthini uVelile?
6. Phawula ngenani izivakalisi ngokulandelelana ukusuka ku-1 ukuya ku-3:

| | | |
|---|---|---|
| a) | UVelile ucinga ukuba kutheni wonke umntu engayithandi indlela aziphatha ngayo. | |
| b) | UVelile uyakhathaza akakhathali. Uphantse aminxisele udade wabo ngesango. | |
| c) | UVelile unenyameko ucocekile. Nditsho nenkunkuma uyilahla emgqomeni wayo. | |

7. Ingaba (wena) noVelile nifunde ntoni kweli bali?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 80, 92, 118, 121, 126**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 87, 88**

**Bhala amagama nokuba mathathu achaza isimo sikaVelile ekuqaleni kwebali. Tyhila ke ngoku iphepha le-18 ubhale amagama achaza ukutshintsha kwesimo sikaVelile ekupheleni kwebali.**

## C. Ukubhala

**Kwizinto ezazisenziwa nguVelile, ucinga ukuba yeyiphi <u>eyona imbi</u> awayenzayo? Bhala umhlathi ozivakalisi ezintandathu okanye ezisibhozo uchaza ukuba kutheni ucinga njalo.**

# Iqhekeza lokugqibela




**PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI**

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**

qwaba, ihlombe, ooni nooni, mungunya, umtsalane, nambitha, finga, ukukhwina, ingwiqi

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**

izinkcwe, akusemnandanga, iintshiyi, likhatshwa, yiminqweno

Namhlanje, lusuku lokuzalwa lukaLulu. Iminyaka yakhe, mithandathu qwaba.

Umama umenzela itheko elincinane uLulu ukubhiyozela lo mhla. Amabhaso akhe uwasongele ngelona phepha lakhe lalihle. Itafile iyabukeka, idekiwe ngooni nooni, yaye inomtsalane zezo bhaloni ezimibala-bala ezijinga phezu kwayo. Umama umbhakele ikeyiki yetshokolethi ayithanda kakhulu uLulu!

'Yizani nonke etafileni sibhiyoze. Konke sele kulungile,' uyababiza umama.

Umama ulumeka amakhandlela amathandathu amele iminyaka kaLulu. ULulu uphefumla kakhulu, ebizela umoya, abe sele ewavuthela omathandathu ngaxesha nye, cimi, pam! Khawubone olo ncumo nolonwabo kuye ngeli lixa usapho lonke lumculela ingoma emyoli, u-*mini emnandi kuwe*. Nditsho nenjana yakhe, uBobby, ingenelele, ikhonkotha ngehlombe.





Umama waba ikeyiki, ibe ngamaqhekeza amathandathu.

Umama udlulisa iqhekeza lokuqala kutatomkhulu.

ULulu uyabala, eqaphela. Nye, mbini, ntathu, ne, ntlanu. Kusele amaqhekeza amahlanu.

'Mmmm!' uyanambitha utatomkhulu, umlomo ugcwele yikeyiki emnandi.

ULulu yena uginya ingwiqi. Sekungathi kuye umungunya iswekile yekeyiki elwimini lwakhe.

UBobby yena unukisa iswekile yekeyiki, uvuza izinkcwe kukurhala!




Umama udlulisa iqhekeza lesibini kumakhulu.

ULulu uyabala kwakhona. Nye, mbini, ntathu, ne. Ngoku, kusele amaqhekeza amane.

'Mmmm!' uyanambitha umakhulu, umlomo ugcwele yikeyiki emnandi.

ULulu ukhotha umlomo. Sekungathi kuye utya iqunube elibomvu lekeyiki.

UBobby naye ukhotha owakhe umlomo, unukisa iqunube.




Umama udlulisa iqhekeza lesithathu kutata.

ULulu uyabala kwakhona. Nye, mbini, ntathu. Isiqingatha sekeyiki sityiwe! Ngoku, kusele amaqhekeza mathathu.

'Mmmm!' uyanambitha utata, umlomo ugcwele yikeyiki emnandi.

ULulu ulindile, ungxamile. Uyakunikwa nini yena? Uyanambitha into engekhoyo uLulu, sekungathi kuye utya itshokolethi etamtam.

Naye uBobby ulindile, ungxamile. Uyanukisa, unga uyaliva ivumba lelekese. Eya kunikwa nini yena?



Umama udlulisa iqhekeza lesine kudade boLulu omncinci.

ULulu uyabala. Nye, mbini. Kusele amaqhekeza amabini qha.

‘Mmmm!’ uyanambitha udade boLulu omncinci, umlomo ugcwele yikeyiki emnandi.

Akusemnandanga ngoku kuLulu ukulinda. Ude wafinga iintshiyi!

UBobby yena uyancwina kukurhala. Lide nakuye eli thuba elindile. Akasakwazi ukunyamezela.

Umama uzibekela iqhekeza lesihlanu ecaleni. Udlulisa iqhekeza eliseleyo kuLulu, likhatshwa yiminqweno emihle yosuku lokuzalwa kwakhe, 'Eli iqhekeza lokugqibela, lelona linencasa. Min' emnandi kuwe, ntomb' am!'




Akasazi kulinda, engasazi kunambitha nto ingekhoyo ngoku uLulu. Ekugqibeleni, naye uza kutya ikeyiki yakhe yemini yokuzalwa kwakhe! Xa kanye eluma iqhekeza lakhe uLulu, uva ukukhwina okulusizi ecaleni kwakhe…

NguBOBBY! Naye ufuna elakhe iqhekeza!

ULulu uhlafuna, ejonga uBobby, 'Uxolo Bobby. Eli qhekeza LELAM. Yikeyiki yam yemini yokuzalwa le. Sisabelo sam ndedwa qha esi!'



'Ibe ke Bobby izinja azimelanga kutya keyiki. Yiza, ndilandele uzokufumana ithambo lenyama ngaphandle,' atsho umama emkhokela.

'Mmmm!' uyanambitha uLulu, umlomo ugcwele yikeyiki emnandi.

# Iqhekeza lokugqibela

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Yayiyimini yokuzalwa kabani?
2. Yintoni engqina okokuba yayiyimini yokuzalwa yomntu?
   a) Kwakunezipho neebhaloni.
   b) Kwakunekeyiki namakhandlela.
   c) Wonke umntu wacula ingoma ethi *Mini emnandi kuwe*.
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.
3. Kwakutheni umama aze asike ikeyiki ibe zizilayi ezintandathu?
4. Ngubani owaba ngowokuqala ukufumana isilayi? Ngubani owaba ngowokugqibela ukufumana isilayi?
5. Zinto zini ezifumaneka ekeyikini awayelangazelela ukuzitya uLulu?
6. Kwakutheni uLulu aze angamphi uBobby ikeyiki yakhe?
   a) UBobby wayenayo eyakhe ikeyiki.
   b) ULulu wayengafuni kwabela mntu kulo keyiki yakhe.
   c) Izinja aziyithandi ikeyiki.
7. Kwakutheni uMama aze anike uBobby ithambo lenyama endaweni yekeyiki?
8. Uza kuba neminyaka emingaphi uLulu kwiminyaka elishumi ezayo?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 46, 72, 84, 85, 106**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 73**

**Bhala kwakhona ezi zivakalisi zilandelayo ufakele iziphumlisi ngokufanelekileyo.**

1. 'hayi bobby yikeyiki yam le' utsho ululu
2. ikeyiki yayinamakhandlela iswekile yekeyiki amaqunube netshokolethi

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 122**

**Bhala umhlathi ozizivakalisi ezisibhozo ngowona mhla uwuthandayo ebomini bakho, umzekelo, imini yakho yokuzalwa, iKrismesi okanye umtshato kamnakwenu okanye udade wenu.**

# Limdaka eli gumbi!



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo
laqaza, ukuqhula, libhinqele, ukuqinisekisa, ukukholiseka, bonelisekile

Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo
kusetyenzwayo, ukunqwenelela

Namhlanje lusuku lokugqibela zivalwe izikolo. Iiholide ziyaqala ngomso abafundi baza kuphumla okwethutyana.

UNkosikazi Magalela uyalaqaza kweli gumbi lokufundela uqwalasele obu bumdaka bungaka.

'Abafundi banganceda ukucoca eli gumbi namhlanje phambi kokuba sivale siye kwiiholide zexeshana,' uyacinga uNkosikazi Magalela.

UNkosikazi Magalela uqokelela ii-emele zamanzi, isepha, amalaphu okucoca, iibrashi zokukorobha, imitshayelo, imitshayelo yokusula neengxowa zokuqokelela inkunkuma.

'Siza kukhuhla-sikhuhle, sisule-sisule, sitshayele-sitshayele, sikorobhe-sikorobhe. Ukubuya kwethu emva kweeholide, igumbi lethu liyakube licoceke ngokwenene,' uNkosikazi Magalela uchazela abafundi.

Eli qela licoca iifestile. Iqela libhinqele phezulu liyasebenza, ngaphandle nje kukaThulani. UThulani uyakuthanda ukudlala.

Ngeli lixa abanye bexakekile becoca, uThulani yena uxakekile ushiya iminwe emdaka efestileni.


'Hayi Thulani, yeka le nto uyenzayo! Kutheni wena walibala kukudlala! Uyakucoca nini!' liyakhalaza iqela likaThulani.

Kwasoloko kukho aba bantu baqhulayo, belibazisa, ngoku kusetyenzwayo ngabanye!



Eli qela licoca ibhodi yokubhalela katitshala. Iqela libhinqele phezulu liyasebenza, ngaphandle nje kukaDeliwe. UDeliwe uyakuthanda ukudlala. Ngeli lixa abanye bexakekile, becoca, uDeliwe yena uxakekile, uyavuthela, udala uthuli lwetshokhwe.

'Hayi Deliwe! Bhekela phaya kude! Usiqhumisela ngothuli! Futhi, usidalela nje omnye umsebenzi!' liyakhalaza iqela likaDeliwe.



Eli qela likhuhla iidesika ngeebrashi nangamanzi anesepha. Iqela ngalinye libhinqele phezulu liyasebenza ngaphandle nje kukaThabo. UThabo uyakuthanda ukudlala. Ngexa abanye bexakekile bekhuhla, uThabo uxakekile, ugalela uNosiphiwe ngamanzi anesepha ezinweleni.

'Sukulibala kukudlala, Thabo! Uyakusebenza nini! Yiza nawe uncedise, tyhini!' liyakhalaza iqela likaThabo.

Kwasoloko kukho aba bantu baqhulayo, belibazisa ngoku kusetyenzwayo ngabanye!



Eli qela litshayela umgangatho lichitha nemigqomo yenkunkuma. Iqela libhinqele phezulu liyasebenza ngaphandle nje kukaTokolo. UTokolo uyakuthanda ukudlala. Akaqaphelanga nokuba kukho umngxuma kule ngxowa yenkunkuma ayirhuqayo. Ngeli lixa abanye abafundi bexakekile betshayela, uTokolo uxakekile ushiya umzila wenkunkuma emgangathweni.

'He wena, Tokolo! Wenzani na! Yeka ukurhuqa le ngxowa! Usibuyisela umva, awuyiboni le ngxowa ukuba iyavuza! Uza kuyitshayela yonke loo nkunkuma!' liyakhalaza iqela likaTokolo.



Eli qela, nelokugqibela, likhuhla, lisula iindonga. Liqinisekisa nokuba iiphowusta neetshathi zibuyiselwe, zaxhonywa kakuhle eludongeni. Iqela libhinqele phezulu liyasebenza ngaphandle nje kukaFuneka. UFuneka naye uyakuthanda ukudlala. Ngeli lixa abanye abafundi bexakekile, bekhuhla, besula, bexhoma iitshathi, uFuneka uxakekile, uzimisele ubhidanisa oonobumba.

'Yeka Funeka le nto uyenzayo! Uyazibona phofu ukuba uyababhidanisa aba nobumba! Beka ngolu hlobo, a-b-c-*d*-*e*-f-*g*-*h!* Yeka ukudlala, usebenze nawe!' liyakhalaza iqela likaFuneka.



Iifestile zicocekile. Ibhodi icocekile. Needesika ngokunjalo. Umgangatho ucocekile. Iindonga zicocekile. Igumbi lokufundela lilonke licoceke ngokwenene!

UNkosikazi Magalela ukholisekile. Mhle umsebenzi owenziwe ngabafundi.

'Bonke baza kufumana inkwenkwezi, umfundi nomfundi,' utsho ekhupha eza nkwenkwezi zakhe zimenyezelayo zegolide, uNkosikazi Magalela.

Inokuba utsho nakuThulani, uDeliwe, uThabo, uTokolo noFuneka bethu? Ingaba baza kufumana iinkwenkwezi nabo?

Ewe! Kaloku nabo ekugqibeleni bancedisile ukucoca.




Abafundi bonelisekile ngumsebenzi wabo omhle negumbi labo lokufundela elicocekileyo! Baza kubuyela egumbini elihle nelicocekileyo ukuvulwa kwezikolo, kwikota ezayo!

Yatsho yakhala intsimbi.

'HURE-E-E-E! Zivaliwe, yiholide!' bayakhwaza abafundi. 'Ube neholide emnandi, Nkosikazi Magalela, uphumle! Siza kukhumbula! Sakubonana ukuvulwa kwezikolo!' batsho, bebaleka abafundi, begoduka.

UNkosikazi Magalela naye uphakamisa isandla, ebanqwenelela iholide emnandi. Naye wonwabile. Izikolo zivaliwe!



# Limdaka eli gumbi!

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Yintoni le eyayingalunganga ngegumbi lokufundela?
2. Yeyiphi imisebenzi eyenziwa ukunceda ukucoca igumbi?
   a) ukusula ibhodi
   b) ukutshayela umgangatho
   c) ukusula iifestile
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.
3. Abafundi basebenzisa ntoni ukucoca igumbi? Phawula ngolu hlobo (✓) impendulo echanekileyo, uphawule ngolu hlobo (X) impendulo engeyiyo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| imitshayelo yokusula | | ipeyinti | |
| amalaphu okucoca | | iibrashi zokukorobha | |
| itshokhwe | | amaphepha | |

4. Phawula ngenani ezi zivakalisi ngokulandelelanayo ukusuka ku-1 ukuya ku-4.

| | | |
|---|---|---|
| a) | Bonke abafundi bafumana iinkwenkwezi zegolide kuNkosikazi Magalela. | |
| b) | Igumbi lokufundela lalimdaka kakhulu. | |
| c) | Igumbi lokufundela lalicoceke ngokwenene. | |
| d) | Abafundi basebenza nzima ukucoca igumbi. | |

5. Yintoni eyayisenza abafundi bonwabe ukukhala kwentsimbi?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 42, 84**

**Bhala kwakhona isivakalisi uqale ngegama olinikiweyo ngezantsi.**

Namhlanje abafundi bacoca igumbi lokufundela.

1. Izolo ________________________________ .
2. Ngomso ______________________________ .

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 122**

**Linganisa ngokungathi ungomnye wabafundi ebalini. Bhala umhlathi ngemini eyiyeyakho ococa ngayo. Uzibona ukweliphi wena iqela? Kwenzeka ntoni? Thiya umhlathi wakho igama.**

# Utata usele nosana



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo
akakholwanga, ukukhwina, mbambazela, enyenyisa, incebethana, lubiwe bubuthongo, saa, umandlalo

Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo
entlanganisweni, akamthembanga, ekrwempa, umombathisa, kungcolile, kudyobhe, ebuthongweni



Umama kufuneka eye entlanganisweni. Utata yena uza kusala nosana, uLulama ekhaya.

Utata, uza kuqala ukusala nosana, uLulama nje ngokwakhe eyedwa!

Ingathi umama akakholwanga. Akamthembanga ncam utata.

'Ucinga ukuba ukulungele phofu ukusala nosana?' umama ubuza utata.

'Ungakhathazeki. Mna nosana lwam, siza konwaba. Andiqondi ukuba kuya kuba nzima!' uyaphendula utata, eqinisekile.

Usana lona, alonwabanga. Seluqala ukukhwina, lufuna ukukhala, lufuna unina!

Emva nje kwemizuzwana, usana, uLulama uyakhala, ubiza unina.

'Sukukhala, sana lwam. Usele notata wakho Lulama. Mna nawe masikhe sidanise,' atsho utata.

Utata ufunqula usana. Elugone ezingalweni zakhe, udanisa nalo ezama ukulonwabisa.

ULulama yena, akafuni kudanisa.
'*Wha-a-a! Wha-a-a!*' uyaqhubeka, uyakhala uLulama.

'Yhini na ude ulile kangaka, Lulama? Kumnandi nje ukudanisa notata!' uyacenga utata.





Usana uLulama usaqhubeka, uyakhala.

'Musa ukukhala, sana lwam. Ndiza kukuculela ingoma emnandi,' atsho utata.

Utata uhlala phantsi, uculela uLulama, emmbambazela, emthuthuzela. 'Thula bhabhana, mus' ukulila… Umam' uyeza nedinala yomntwana…'

ULulama yena, akafuni kuculelwa.
'*Wha-a-a! Wha-a-a!*' uyaqhubeka, uyakhala uLulama.

'Sukulila kangaka wethu, Lulama! Kumnandi nje ukuculelwa ngutata!' uyacenga, enyenyisa iqhina utata.

Usana, uLulama usaqhubeka, uyakhala.

Utata ucinga ukuba uLulama inokuba ulambile. Uhlalisa uLulama kakuhle esitulweni sakhe alande nencebethana yakhe. 'Sukukhala wethu, Lulama, sana lwam. Ina, khawutye nali ipere.'

ULulama yena, akafuni kutya, akafuni pere. Uyala nomlomo wakhe, ipere lichitheka kuyo yonke indawo, liyangcolisa!

'*Wha-a-a! Wha-a-a!*' uyaqhubeka uyakhala uLulama.

'Yhini na, Lulama. Kunini ulila, sana lwam? Awukaliva ukuba mnandi kwalo eli pere!' uyacenga, ekrwempa intloko utata.





Usana uLulama lusaqhubeka luyakhala.

Utata ucinga ukuba uLulama inokuba unxaniwe. Utata ulungiselela uLulama, umandlalo. Uzama ukulalisa uLulama, umombathisa ngengubo.

'Thula wethu, Lulama, sukulila. Ncanca, nantsi ibhotile yakho yobisi,' uyacenga utata, eguqile, ethulisa uLulama.


ULulama yena, akafuni kuncanca bhotile.
'*Wha-a-a! Wha-a-a!*' uyaqhubeka, uyakhala uLulama.

'Ukhalela ni na kangaka, Lulama, sana lwam? Ndiyakucingela, kudala ukhala noko!' usacenga utata ngelizwi elidiniweyo.

Utata naye ufuna ukukhala ngoku. Uyacinga ukuba ngumsebenzi onzima ukusala nosana. Kudala ethuthuzela. Uxakiwe.

Ekugqibeleni, lwade lwayeka ukukhala usana uLulama. Ludiniwe, lubiwe bubuthongo, lwalala.

Utata naye uziphosa esitulweni. Uphelelwe ngamandla kukuthuthuzela, ufile kukudinwa! Utata umana evala amehlo, kude kwazola, kwathula cwaka. Uyozela utata, uyalala. Cum! ukobude ubuthongo.



Umama ubuyile entlanganisweni. Egumbini kumdaka, kungcolile izinto zokudlala zosana zithe saa yonke indawo. Ukutya kosana, ipere, kuchithekile, kudyobhe nezitulo. Ibhotile yosana nantso nayo, itake yaya kuwa kude. Umama, ubona zonke ezi zinto. Ubona usana, uLulama lulele. Ubona utata, naye ulele esitulweni.

Kodwa umama akakhathazeki yiyo yonke le nto. 'Ingathi utata nosana lwakhe bebenexesha elimnandi bobabini,' uyacinga umama, encumile.

'Hmmm,' luvakalise ukudinwa usana, uLulama ebuthongweni.

'Hmmm,' avakalise ukudinwa utata ebuthongweni.

*Ingaba utata nosana uLulama bebonwabile? Chaza, ucinga ntoni wena?*



## Utata usele nosana

### A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Ingaba wayesiya phi umama?
2. Umama wayengamthembanga ukumshiya nosana utata kuba ___________.
   a) uLulama yayilusana olugezayo
   b) utata wayengaphilanga
   c) utata wayengazange akhe asale nosana uLulama ngaphambili
3. Yintoni eyokuqala awayenzayo utata ukuzama ukuthulisa uLulama?
4. Ingaba uLulama wayithanda ingoma awayeyiculelwa ngutata? Kutheni ucinga njalo?
5. Phawula ngolu hlobo (X) ecaleni kwezivakalisi ezingeyonyani, uze uphawule ngolu hlobo (✓) ecaleni kwezivakalisi eziyinyani.

| | | |
|---|---|---|
| a) | Usana uLulama walitya ipere wayincanca nebhotile yakhe yobisi. | |
| b) | Utata wafumanisa ukuba akululanga ukusala nosana. | |
| c) | Yayicocekile iqoqiwe indlu ukubuya kukamama ekhaya. | |
| d) | ULulama notata babelele ukubuya kukamama ekhaya. | |

6. Ingaba kutheni wayekhala kangaka uLulama akungabikho umama ekhaya?

7. Umama wayencumile akuba ebuyile ekhaya kuba _______________.

   a) wayekhangeleka ehlekisa utata kuye
   b) wayebona ngathi utata noLulama babenexesha elimnandi bobabini
   c) wayenexesha elimnandi entlanganisweni yakhe

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 46, 72, 84, 106**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 73**

**Bhala kwakhona ezi zivakalisi zingezantsi ufakele iziphumlisi ngokufanelekileyo.**

1. yonke into iza kulunga, utsho utata
2. 'ukhalela ni kangaka, lulama' utsho utata

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 111**
(usebenzisa uhlobo lokuyalela)

**Linganisa ngathi ungumama wosana uLulama. Bhalela utata uluhlu lwemiyalelo engokugcina usana.**

# Ujikeleza



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
ubumelwane, nekummandla, omiselwe, ungqala, ngqo, isiyezi, echwayitile, exhathisa

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
isantya, uqwalasela, begxadazela, nkqo, kuyintswahla, bemtyhiliza, ekhatywayo, ootshebeleza

Apha kubumelwane kukho igadi elungisiweyo nekummandla omiselwe ukubuka, ubuhle bendalo. Abantu kubumelwane bayathanda ukuza kuzonwabisa kule gadi. Ubabona behleli phantsi kwemithunzi yemithi, bencokola nezihlobo zabo. Ubabona behamba neenjana zabo, bezolula imilenze. Abantwana bathanda ukudlala ibhola ekhatywayo kwalapha kule gadi. Kodwa, ikakhulu, beza bevuyela ukudlala koojingi, ootshebeleza, oojikeleza nezinye izixhobo zokudlala.



UGugu omncinane uyafika egadini. Ungqala ngqo kujikeleza. Uthanda kakhulu ukudlala kujikeleza. UGugu ufika atyhilize ujikeleza ngamandla ebaleka. Uyajika-jika ujikeleza abe seleqabela uGugu.




UJin ufika egadini naye angqale ngqo kujikeleza. Ufika uGugu ekhwele ujikeleza, kodwa ujikeleza ecotha isantya siya sisehla. UJin utyhiliza ujikeleza ngamandla, ebaleka abe seleqabela. Ubaleka ngamandla kunakuqala ujikeleza, isantya siphakamile.

UGugu akasithandi esi santya sikajikeleza, akonwabanga, uqalisa ukoyika. UGugu uyabambelela, aqinise kujikeleza.



UJonah uyafika egadini. Naye akalibazisi ungqala ngqo kujikeleza amthandayo. UJonah utyhiliza ngamandla angaphezulu, ebaleka ukuze isantya sikajikeleza siphakame nangaphezulu. Ujikeleza ujika-jika kakhulu kunakuqala.

UGugu uqalisa ukuba nesiyezi. UJin yena akonwabanga, uqalisa ukoyika. UGugu noJin bafuna sehle isantya sikajikeleza.



Uyafika uRina kujikeleza xa kanye uJonah eqabela. URina uyintombazana ekhulileyo, enamandla. Ubamba ujikeleza, ebaleka ejika-jika naye, emana emtyhiliza ngamandla. Ujikeleza ujika-jika ngamandla kakhulu ngoku kunangaphambili. Uyaqabela uRina, ekhwaza, echwayitile, ejika-jika kujikeleza.

UGugu unesiyezi kakhulu. ‘Misa! Misa! Ndifuna ukwehla!’ uyakhwaza, esoyika uGugu.

UJin uqalisa ukuba nesiyezi. ‘Misa! Misa! Ndifuna ukwehla!’ uyakhwaza, ekhalaza uJin.

NoJonah akonwabanga uqalisa ukoyika. Uyaqala ukujika-jika ngesantya esiphezulu kangaka kujikeleza. ‘Misa! Misa!’ uyakhwaza naye uJonah, efuna ukwehla.


URina uqwalasela uGugu, abuye, aqwalasele uJin noJonah.

‘Kufuneka behle kujikeleza uGugu, uJin noJonah. Basebancinci kakhulu, saye nesi santya sikajikeleza siphakame kakhulu kubo. Mandizame indlela yokumisa lo jikeleza,’ uyacinga, ebacingela, ebasizela uRina.



URina ubona uKagiso esiza kujikeleza. ‘Kagiso! Yiza baleka! Yiza, khawuleza, masimise ujikeleza!’ uyakhwaza uRina, ecela uncedo kuKagiso.

UKagiso uyabaleka ukuya kubanceda. Ufika, abambe ujikeleza, emtsalela kuye, exhathisa ngeenyawo zakhe emhlabeni ukuze isantya sikajikeleza sihle. URina naye uyancedisa ngokumana exhathisa, enyathela ngolunye unyawo emhlabeni.



Ekugqibeleni siyehla isantya sikajikeleza. Ujika-jika okokugqibela ujikeleza. Uyema ujikeleza.

UGugu, uJin noJonah bayehla, benyamekile, kodwa begxadazela. Bobathathu abakwazi ukuma nkqo, abakwazi nokuhamba, bafuna iindawo nezinto zokubambelela!



'Hlalani phantsi engceni. Emva kwethuba, siza kuphela isiyezi!' uyabayalela, ebasizela uKagiso.

UKagiso noRina, nabo kwakhona bencedisana, bebaleka, bejika-jika nojikeleza, bemtyhiliza ngamandla kakhulu, beqabela. Kumnandi, kuyintswahla, bayahleka, bayakhwaza, bonwabile. Ujikeleza ujika-jika kakhulu, ude abukeke emibala-bala, emenyezela emehlweni. Bayajika-jika, bayajika-jika, bayajika-jika.

UGugu, uJin noJonah abakwazi nokubukela sisiyezi! Iintloko zabo zisajikeleza, zisajikeleza, zisajikeleza!

# Ujikeleza

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Lenzeka phi ibali?
2. Abantu baya kwigadi ekummandla omiselwe ukubuka indalo ____________.
   a) behamba neenjana zabo
   b) ukuya kudlala ibhola ekhatywayo
   c) ukuya kuhlala phantsi kwemithunzi bancokole
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.
3. Kwakutheni uGugu aze angqale ngqo kujikeleza?
4. Ukuba ukhwele ujikeleza obaleka kakhulu ____________.
   a) usenokudinwa wozele ulale
   b) angema ujikeleza
   c) ungaba nesiyezi
5. Phawula ngenani ngokuchanekileyo izivakalisi ngokulandelelana uqale ku-1 ugqibele ku-4.

| | | |
|---|---|---|
| a) | URina wafumanisa okokuba abantwana abancinane kufuneka behlile. | |
| b) | NoJin noJonah baqala nabo baba nesiyezi. | |
| c) | UKagiso noRina bancedisana ukumisa ujikeleza. | |
| d) | UGugu waqala ukuba nesiyezi kujikeleza. | |

6. URina noKagiso ___________________.
   a) baba nenkathalo baba luncedo
   b) babefuna ibe ngabo bodwa abadlala kujikeleza
   c) baba nesiyezi bakudlala kujikeleza
   d) babeboyikisa bebothusa abantwana abancinane
7. Kwakutheni uRina noKagiso bona bakwazi ukujika-jika ngesantya esiphezulu sikajikeleza?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 118**

**Funda la magama azizichazi angezantsi. Khetha abe ma-4 achaza uGugu, uJin noJonah. Bhala ke ngoku esakho isivakalisi usebenzisa isichazi ngasinye sala magama ma-4.**

onwabanga, ncinci, khulu, namandla, oyika, caphuka, gula, siyezi, mnandi

## C. Ukubhala

**Ingaba wakha waya egadini yokubuka ubuhle bendalo? Wenza ntoni khona? Uthanda ukudlala ntoni? Udlala nabani?**

**Bhala umhlathi ozivakalisi ezingaba sibhozo uzobe nomfanekiso.**

# Kumnandi ukunikela



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI


Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo

akram-kram, imantyi, incindi, ngcekelela, qhu, qho, ehlaziya, inkedama

Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo

ukuwathwala, agcwele, nqwelana, ziyarhwexa, siqhamo, sisendleleni

Ikhaya lobuntu licele ikhaya ngalinye kule dolophana yethu ukuba sinikele ngeziqhamo.




Mna nomama sisendleleni eya kweli khaya. Siya kunikela ngesona siqhamo sisithandayo ekhaya, ama-apile! Alikudanga ikhaya lobuntu ngeenyawo, kodwa ayandisinda la ma-apile. Ingathi nam ndingakwazi ukuwathwala entloko, ndixelise umama okanye ndiwabeleke emqolo, ndilinganise yena, xa ebeleke umnakwethu omncinane.

Inokuba aza kutyiwa ngubani la ma-apile akram-kram namnandi kakhulu?

Mna notata sisendleleni eya kwikhaya lobuntu. Siya kunikela ngamapere kuba sesona siqhamo sisithandayo ekhaya!

Le yam ibhokisi endiyiphetheyo ayinzimanga, incinci kwaye ilula kamnandi. Kodwa le mantyi aphethe ngayo utata, inkulu, yaye igcwele qhu ngamapere ambala uluhlaza.

Inokuba aza kutyiwa ngubani la mapere anencindi nanencasa emnandi kangaka?



Umakazi ungumongikazi esibhedlele. Phambi kokuba aqale emsebenzini namhlanje, siza kumkhapha xa esiya kwikhaya lobuntu. Siya kunikela ngepopo esona siqhamo sisithandayo ekhaya!

Inenekazi lasekhaya lobuntu, uNkosikazi Funeka ongumphathi, uyasibona sisiza ngendlela. ‘Khawubukele! Iwele ngalinye liphethe amawele eepopo!’ uyasibulisa, encumile.


Inokuba ziza kutyiwa ngubani ezi popo zithambileyo zimnandi kangaka?



Ndikhapha umakhulu notatomkhulu, siya kwikhaya lobuntu. Siya kunikela ngepesika, esona siqhamo sithandwa ngutatomkhulu!

Khawubukele umakhulu. Ungcekelele isitya esigcwele qhu ziipesika. Ingathi nam ndingakwazi ukungcekelela ndifane naye. Xa ndingcekelela mna, ziyawa qho izinto endizithwele entloko.


Inokuba ziza kutyiwa ngubani ezi pesika zinencasa zimnandi kangaka?



Ndikhapha umfundisi uHlathi, sisendleleni eya ekhaya lobuntu. Siya kunikela ngevatala, esona siqhamo asithandayo umfundisi!


Umfundisi Hlathi undibukele nditsala le nqwelana yam ndithwele ngayo ivatala. 'Ingathi nam ndinganayo inqwelo efana nale yakho. Iyandisinda le vatala!' utsho umfundisi.

Inokuba iza kutyiwa ngubani le vatala encindi yayo ihlaziya kangaka?



Umkhuluwa wam uza kuqala umsebenzi wobupolisa namhlanje. Phambi kokuba aqale emsebenzini, siza kuhamba kunye ukusa iziqhamo kwikhaya lobuntu. Siza kunikela ngepayinapile, esona siqhamo sisithandayo sobabini. Iipayinapile ziyahlaba, ziyarhwexa! Yiyo le nto mna, ndiza kuzithwala ngembiza le!

Inokuba ziza kutyiwa ngubani ezi payinapile zinencasa, zimnandi kangaka?




Khangela! Ingathi yinqwelo yokuthutha yekhaya lobuntu nje leya iluhlaza. Kutheni imise kweli khaya leenkedama? Nabo nabantwana bekhaya leenkedama, bephuma beyikhawulela?

Abasebenzi bekhaya leenkedama baxakekile, bathula iibhokisi ngeebhokisi zeziqhamo… kungama-apile, amapere, ipopo, iipesika, ivatala nepayinapile! Bonke bakhangeleka bonwabile, bencumile.

Ndiyabona ke ngoku! Satsho sazi ukuba ngoobani abaza kutya zonke ezi ziqhamo… iinkedama!

Kumnandi ngenene ukunikela!



## Kumnandi ukunikela

### A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Zingaphi iindidi zeziqhamo ezaziswa ngabantu? Bhala uluhlu.
2. Inkedama ngumntu ______________.
   a) ongenabazali
   b) ongenabantwana
   c) onguye yedwa umntwana ekhaya
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.
3. Ingaba kwakutheni intombazana ize iyithwale ngenqwelana ivatala?
4. Ingaba kwakutheni inkwenkwana ize iyithwale ngembiza ipayinapile?
5. Abasebenzi bekhaya leenkedama bazithutha njani iziqhamo ukuzisa kwikhaya leenkedama?
6. Phawula ngolu hlobo (X) ecaleni kwezivakalisi ezingeyonyani, uze uphawule ngolu hlobo (✓) ecaleni kwezivakalisi eziyinyani.

| | | |
|---|---|---|
| a) | Ibhokisi yeeapile inzima, futhi nevatala ngokwayo inzima. | |
| b) | Iapile isinda ukudlula ivatala. | |
| c) | Akulula ukuthwala izinto entloko nakubanina. | |
| d) | Izinja, iikati neenkukhu, zonke ezi zinto ziziqhamo. | |

7. Ingaba eli bali lawubonakalisa njani umoya wesisa nobuntu wabahlali?
   a) Abantu batya iziqhamo ezininzi.
   b) Abantu bakhetha iziqhamo abazithandayo.
   c) Abantu banikela ngemifuno.
   d) Abantu banikela ngeziqhamo.

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 80, 92, 118, 121, 126**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 87, 88**

1. **Fumana amagama ebalini asetyenziswe ukuchaza iziqhamo ngokwahlukeneyo. Bhala uluhlu lwala magama.**
2. **Khetha ke isiqhamo nasiphi na. Zoba umfanekiso omkhulu wesiqhamo sakho. Bhala wonke amagama owaziyo achaza isiqhamo emfanekisweni. Cinga ngebala, isakheko, isongo okanye incasa, inkangeleko, zonke ezi zinto phambi kokuba usitye naxa usitya isiqhamo.**

## C. Ukubhala

**Kutheni kuthi bantu kubalulekile ukutya iziqhamo? Fumanisa kangangoko unako ukuba zisilungele njani na iziqhamo. Bhala ulwazi lwakho ngezivakalisi ezipheleleyo.**

# Umfanekiso wesakheko



**PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI**

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**

ezizizakheko, mbhoxo, coselelo, sinomhlambi, ipitsa

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**

esisangqa, neengxande, elingwevu, unxantathu, njengeencwadi, olumxinwa, bezinamathelisa

Abafundi bebanga likaNkosazana Dlomo balungele isifundo sabo sobugcisa. Balungise iipensile, iirabha, iirula, izikere, isincamathelisi iglu, nephepha elingwevu ngebala.

Namhlanje bazoba izakheko ngezakheko. UNkosazana Dlomo uqokelele iibhokisi ezizizakheko ezihlukeneyo, izistensile nezinye izinto ukubancedisa ukuzoba kube lula. Uyabachazela okokuba bakube bezobile baza kuzisika izakheko bakhe umfanekiso ngazo. Inokuba ngumfanekiso wantoni bethu?

Kuqala uNkosazana Dlomo uyalela abafundi ukuba bazobe isakheko **esimbhoxo** esikhulu.

‘Isakheko esimbhoxo ungasifanisa nesakheko seqanda,’ uyachaza uNkosazana Dlomo.

Abafundi basebenzisa izistensile neebhokisi ukubanceda ukuzoba.

‘Ingaba iza kuba ngumfanekiso weqanda?’ bayazibuza abafundi.




Uyaphinda uNkosazana Dlomo uyalela abafundi ukuba bazobe **isangqa** esincinci.

'Isakheko esisangqa ungasifanisa nesakheko sebhola,' uyachaza uNkosazana Dlomo.

Abafundi basebenzisa iibhokisi, iitoti neziciko ukubanceda ukuzoba.

'Ingaba iza kuba ngumfanekiso webhola?' bayazibuza abafundi.




Aphinde uNkosazana Dlomo ayalele abafundi ukuba bazobe **oonxantathu** ababini abancinci abalinganayo.

'Unxantathu sisakheko esinamacala amathathu, kanye njengesilayi sekeyiki okanye ipitsa,' uNkosazana Dlomo uchazela, ekhumbuza abafundi.

Abafundi basebenzisa iirula neebhokisi ukubanceda ukuzoba.

'Ingaba izakuba ngumfanekiso wesilayi sekeyiki okanye ipitsa?' bayazibuza abafundi.




Emva koko, uNkosazana Dlomo uyalela abafundi ukuba bazobe izakheko **zoxande** oluncinci zibe zine, zilingane.

‘Uxande sisakheko esinamacala amane njengalawo esikwere. Kufuneka ke kodwa ukhumbule ukuba amacala amabini ajongeneyo ayafana aye ayalingana, kanye njengencwadi okanye ucango,’ uyachaza uNkosazana Dlomo.

Abafundi basebenzisa iibhokisi ezincinci ukubanceda ukuzoba.

‘Ingaba iza kuba ngumfanekiso wocango?’ bayazibuza abafundi.




Okokugqibela uNkosazana Dlomo uyalela abafundi ukuba bazobe **uxande** olude olumxinwa.

Abanye abafundi bazoba ngokujikeleza, bekhuphela isakheko seerula zabo.

Abafundi bazobe izakheko ezilithoba ezahlukeneyo kwiphepha labo elingwevu: sisakheko esimbhoxo, sisangqa, oonxantathu ababini neengxande ezintlanu.

Inokuba zingenza mfanekiso mni zonke ezi zakheko? Indlu? Uloliwe? Inqanawa?



UNkosazana Dlomo unika umfundi ngamnye iphepha elizotywe isakheko **esisikwere** esikhulu. Uyalela abafundi ukuba basike, besusa isikwere ephepheni, besebenzisa isikere. Ubayalela ukuba basike besusa ezinye izakheko abazizobileyo nezikumaphepha abo.

Abafundi baza kuzidibanisa izakheko ukwakha umfanekiso wesilwanyana.

Isilwanyana? Sisilwanyana esinjani eso?



‘Isakheko esimbhoxo ngumzimba,’ uyachaza uNkosazana Dlomo. ‘Isangqa yintloko ukuze oonxantathu ababini ibe ziindlebe. Izakheko eziluxande ezincinci ezine yimilenze ukuze uxande olude olumxinwa ibe ngumboko.’

Umboko?

‘Inokuba yindlovu!’ bayaqashela abafundi.

Abafundi badibanisa izakheko ngocoselelo bezinamathelisa kwiphepha elisisikwere. Bakugqiba bazoba, befakela amehlo endlovu, umlomo nomsila.

‘Nantso ke, ukuba mhle komsebenzi wenu!’ uyancoma uNkosazana Dlomo. ‘Ngoku, sinomhlambi wonke weendlovu zaseAfrika eludongeni!’



# Umfanekiso wesakheko

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Ufunde ngaziphi izakheko ezahlukeneyo ebalini?
2. Abafundi bazobe esiphi isakheko kuqala? Kokuphi ukutya okufana nesi sakheko?
3. Zeziphi iindidi ezimbini zokutya ezisisakheko esingunxantathu?
4. Ingaba zifana njani isakheko esiluxande oluncinci nesiluxande olude olumxinwa? Zahluke njani esinye kwesinye?
5. Baqonde nini abafundi ukuba bazoba indlovu?
   a) UNkosazana Dlomo wabachazela ukuba sisilwanyana.
   b) UNkosazana Dlomo wabacela ukuba bazobe isangqa.
   c) UNkosazana Dlomo wachaza ukuba isilwanyana sinomboko.
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.
6. Zingaphi izakheko abafundi ababezidinga zizonke ukwakha indlovu?

7. Phawula ngenani izivakalisi ngokuchanekileyo uqale ngo-1 ugqibele ngo-3.

| | | |
|---|---|---|
| a) | Abafundi basika besusa izakheko ephepheni. | |
| b) | Abafundi basebenzisa izakheko ukwakha iindlovu. | |
| c) | Abafundi bazoba izakheko ezahlukeneyo. | |

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 42, 84**

**Bhala kwakhona isivakalisi usebenzise igama olinikiweyo ekuqaleni kwesivakalisi.**

Namhlanje abafundi bazoba izakheko ezahlukeneyo.


1. Izolo ____________________________________________.
2. Ngomso ____________________________________________.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi3 yakwa-DBE: **Iphepha 26**

**Bhalela umhlobo umcele ukuba azobe indlovu. Mkhokele ngoluhlu lwemiyalelo umazisa umchazela indlela yokwakha indlovu usebenzisa izakheko. Thiya umfanekiso wakho igama uphawule ngenani imiyalelo. Sebenzisa ibali ukukunceda.**

# Lelikabani eli vili?



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
elalipoqe, geqe, ikhohlozela, igquma, gqi, ithothoza, kwakurhatyela, yangqala, mnyonyovu, ligqatse ubhobhoyi

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
yayiyinkwenkwana, wayenqwenela, lingalelenqwelo, kukunxanwa, wayengazimiselanga, enditshintsha, ingxamile, kwakurhatyela, yakugqitywa, kweentsuku

UKabelo yayiyinkwenkwana ezithanda kakhulu iimoto. Wayenqwenela ukuba ngumkhandi weemoto xa emdala kuba wayengathanda ukusebenza ngazo imini yonke.

Ngenye imini uKabelo wachola ivili elalipoqe laya kuwela geqe kude kufutshane nendlela. Lalilihle kakhulu elo vili, iintsimbi zalo zimenyezela zibukeka.


'Inokuba livili likabani eli?' wayezibuza uKabelo.

Kungekudala uKabelo wabona inqwelo yeedonki, isiza ngendlela, wayimisa.

'Molo, tata. Ingaba livili lakho eli?' wabuza uKabelo.

'Kwowu! Lihle gqitha elo vili nyana ukuba lingalelenqwelo yeedonki!' waphendula umqhubi wenqwelo amehlo engasuki evilini.

Yadlula inqwelo yeedonki, ikhohlozela, yaya kutshona ngendlela.



Emva kwethutyana uKabelo wabona, nantso iteletele etyheli, isiza ngendlela, nayo wayimisa.

‘Molo, bhuti. Ndichole eli vili. Ndiyabuzisa. Asilolakho kodwa?’ wabuza uKabelo.

‘Hayi mfo, asilolam. Elo vili lincinane. Alingekhe lilunge kule teletele yam. Sala kakuhle, ndoda!’ aphendule umqhubi weteletele, enikina intloko.

Yadlula iteletele, igqula, ingxola, yaya kutshona ngendlela.



Yaba yimizuzwana nje embalwa, uKabelo wabona isithuthuthu esiluhlaza sisiza ngendlela, naso wasimisa.

'Misa, sisi! Molo. Nali ivili ndilichole kufutshane nendlela. Asilolakho mhlawumbi?' wabuza uKabelo.

'Uxolo, bhutana wethu. Lihle lona ivili kodwa likhulu. Asililo ivili lesithuthuthu. Sala kakuhle!' waphendula umqhubi wesithuthuthu ejonge evilini.

Sadlula isithuthuthu sesifundekela, saya kutshona ngendlela.



Ilanga laligqatse ubhobhoyi, uKabelo enxaniwe, kodwa engakwazi ukulishiya nje lodwa elo vili lihle kangako.

Esacinga ukuba uza kuthini na, kwathi gqi imoto encinane yokuthutha emhlophe, wayimisa.

'Misa, mama! Molo! Ayilovili lakho eli?' wabuza uKabelo.

'Hayi, mntwan' am, uxolo. Asilolam. Ukuba lihle kwalo!' waphendula umqhubi wesithuthi elibuka ivili.

Yadlula imoto encinane yokuthutha ithothoza yaya kutshona ngendlela.



Wayesele ome umlomo uKabelo kukunxanwa, futhi elambile. Kunjalo, wayengazimiselanga nje tu ukulishiya apho lodwa elo vili.

Esajongile, wabona nantso iteksi eluhlaza okwesibhakabhaka ibalekile isiza ngendlela, wayimisa.

'Ibaleka kakhulu. Ingaba iza kumisa bethu? Misa bhuti! Misa! Bendibuza. Nali ivili, ndilichole. Asilolakho?' wabuza uKabelo.

'Hayi, ndodana torho, asilolam! Elam enditshintsha ngalo lingaphantsi apha kwakule teksi yam. Sala kakuhle!' waphendula umqhubi weteksi, emthembisa uKabelo ukuba uyakumfumana umnikazi wevili.




Yadlula iteksi sele ingxamile yaya kutshona ngendlela.

Kwakurhatyela ilanga lisiya kutshona. UKabelo wayesazi okokuba lixesha lokugoduka kodwa, wayelinde nje esokugqibela esinokuvela isithuthi.

Akuzange kube thuba lide, uKabelo wabona isitsali-zithuthi esibomvu sisiza ngendlela, wasimisa.

‘Mhlawumbi eli vili lelalo uzayo. Makamise. Misa! Uxolo. Nali ivili? Inokuba liwile. Livili likabani eli? Asilolakho?’ wabuza uKabelo.

‘Hayi, asilolam,’ waphendula umqhubi wesitsali-zithuthi enikina intloko.



Kwangoko kwaphuma indoda kwakwesi sitsali-zithuthi yangqala kuKabelo.

'Khawume! Ingathi livili lam nje eli! Lilo! Livili lemoto yam! Liye lapoqa lalahleka, bendilikhangela ndilifuna kuyo yonke indawo! Usebenzile ndodana! Enkosi ndiyabulela kuwe! Yakugqitywa ukulungiswa imoto yam, ndiza kukulanda ukhe uthathe uhambo ngayo!'



Emva nje kweentsuku ezimbalwa, wafika umnikazi-vili ngemoto emnyama, entle kunene. Onke amehlo ayekumqhubi noKabelo, bekhwele loo mnyonyovu, unomtsalane, ubaleka kakhulu.

Kwakungathi liphupha kuKabelo. Yimini angasoze ayilibale leyo ebomini bakhe!

# Lelikabani eli vili?

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Ingaba lenzeka phi ibali? Phawula ngolu hlobo (X) ebhokisini ecaleni kwempendulo echanekileyo.

| | | |
|---|---|---|
| a) | elalini | |
| b) | esixekweni | |
| c) | elwandle | |

2. UKabelo wayenqwenela ukuba yintoni xa emdala? Kwakungasizathu sini enqwena ngolo hlobo?
3. UKabelo wachola ntoni kufutshane nendlela ngenye imini?
4. Sesiphi kwezi zingezantsi esinamavili amane?
   a) iimoto nezithuthuthu
   b) iiteksi neemoto
   c) izithuthuthu nezitsali-zithuthi
5. Kwakutheni ivili likaKabelo libe alilolelesithuthuthu?
6. Kwakutheni isitsali-zithuthi ze sitsale umnyonyovu wemoto?
7. Wambulela njani umnikazi womnyonyovu uKabelo ngevili awalicholayo?
   a) Wamkhwelisa kuloo mnyonyovu wathatha uhambo ngawo noKabelo.
   b) Wathengela uKabelo imoto.
   c) Wacela uKabelo ukuba alungise imoto yakhe.

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 7, 83, 87, 114, 118**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 28, 104**

1. **Kwisivakalisi ngasinye, krwela umgca ezantsi kwegama elilisibizo uzobe isangqa igama elisisenzi.**

   *PHAWULA: Amagama abantu nawo azizibizo.*

   a) UKabelo wachola ivili kude kufutshane nendlela.
   b) Iidonki ezimbini zazitsala inqwelo.
   c) Umqhubi ongusisi wadlula ekhwele isithuthuthu.

2. **Bhala kwakhona kwa ezi zivakalisi zingentla zibe kwixesha elimiyo.**

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 14, 114**
(qaphela ucwangciso kwiphepha 118)

**Bhala incoko emfutshane (ngangezivakalisi ezilishumi) ephakathi kukaKabelo nomama wakhe ukubuyela kwakhe ekhaya ngaloo mini.**

# Ihlebo



**PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI**

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
ihlebo, kubeleka, ngenyameko, incebethana, ukuqokelelana, benqumbene, umnyazi, intsasa

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
esezincwadini, enokuphazamiseka, okuphungwayo, umfundisi-ntsapho, engalindelanga, ugcwele, sikhatshwa

UNkosikazi Maduna uza kuba nomntwana kwaye selisondele ixesha lakhe lokuya kubeleka. Namhlanje, yimini yakhe yokugqibela esikolweni.

Lixesha lesifundo sezibalo. Abanye abafundi abawenzi umsebenzi wabo, baxakekile, bayasebezelana.

'Ngusebesebe wantoni lo wenziwa ngaba bafundi ngexesha lomsebenzi?' uyazibuza uNkosikazi Maduna.

Umangalisiwe kuba abafundi bayazithanda izibalo. Baqhele ukuthula cwaka, bazole, bebala izibalo. Kodwa, hayi namhlanje …

*Ingaba uyayibona intombazana ephethe izihlangu zosana ezilukiweyo?*



Kulixesha lokufundela abafundi ibali. UNkosikazi Maduna ubafundela ibali encwadini enkulu kodwa, abanye abafundi abamamelanga. Baxakekile bayasebezelana.

‘Uyaphazamisa lo sebesebe! Inokuba kutheni bephazamisa ngolu hlobo abafundi namhlanje?’ uyazibuza uNkosikazi Maduna.

Umangalisiwe kuba abafundi bayawathanda amabali. Baqhele ukuthula cwaka, bazole, bamamele ngenyameko. Kodwa, hayi namhlanje …

*Ingaba uyayibona intombazana ephethe idami yosana?*



Kulixesha lokubhala kubafundi kodwa, abanye babo ababhali. Baxakekile bayasebezelana.

‘Kutheni kunosebesebe omninzi kangaka na namhlanje?’ uyazibuza uNkosikazi Maduna.

Umangalisiwe kuba abantwana bayakuthanda ukubhala. Baqhele ukuthula cwaka, bazole, babhale amabali abo, bezoba nemifanekiso. Kodwa, hayi namhlanje …

*Ingaba uyayibona inkwenkwana ephethe incebethana yosana?*



Kulixesha lokufunda incwadi ngamaqela kodwa, abanye abafundi abafundi. Baxakekile bayasebezelana.

'Kwakhona? Kwehlani na namhlanje? Ngusebesebe wantoni na lo ungapheliyo?' uyazibuza uNkosikazi Maduna.

Umangalisiwe kuba abantwana bayakuthanda ukuqokelelana, bahlale bazole, befundelana amabali, bencokola nangemifanekiso esezincwadini. Kodwa, hayi namhlanje …

*Ingaba uyayibona intombazana ephethe idada lokudlala losana?*



Kulixesha lesifundo somsebenzi wobugcisa kodwa, abanye abafundi abazobi. Baxakekile bayasebezelana.

'Oku kusebeza kungaka! Kunini na aba bafundi besebeza namhlanje?' uyazibuza uNkosikazi Maduna, enokuphazamiseka.

Abafundi baqhele ukuthula, bazole, besenza umsebenzi wabo wobugcisa, bezoba nangemibala-bala imifanekiso yabo. Kodwa, hayi namhlanje …

*Ingaba uyayibona intombazana ephethe ibhotile yosana?*



Ikhalile intsimbi, lixesha lokuphumla. Lelona xesha balithandayo abafundi eli. Lixesha lokutya imiphako yabo, elokudlala nelokuncokola nelokuba baleqane nokuleqana. Namhlanje uNkosikazi Maduna ubabona benqumbene ndawonye bonke, beyawasebeza.

'Hayi bo! Uyababona? Benza ntoni?' uyazibuza uNkosikazi Maduna. Umangalisiwe kuba baqhele ukudlala, baleqane, bathi saa ngeli xesha lokuphumla. Kodwa, hayi namhlanje …

UNkosikazi Maduna udlula kubafundi ukuya kufumana okuphungwayo. Ucinga ngalo sebesebe wabafundi, ezibuza ukuba inokuba ngowantoni na.



Yakukhala intsimbi, uNkosikazi Maduna ubuyela egumbini lokufundela. Abafundi sebeqokelelene egumbini, balinde umfundisi-ntsapho wabo.

'QASH-QASH, IHLEBO!' bayakhwaza ngemincili abafundi xa kanye engena egumbini uNkosikazi Maduna. Engalindelanga ufumana isipho, umnyazi ugcwele zimpahla zosana. Isipho, sikhatshwa ngamazwi abhaliweyo amnandi.

Umangalisiwe kakhulu sesi senzo uNkosikazi Maduna! Uvuyile, wonwaba sesi sipho!

'Owu, bafundi bam! Ndiyabulela! Enkosi kakhulu ngobubele nesisa esingaka! O-o-o-h! Ndiyabona ke ngoku, lo sebesebe intsasa le yonke yanamhlanje! Lade lavela ihlebo!'



# Ihlebo

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Igama lebali lithi '*Ihlebo*'. Yintoni le yayilihlebo?
2. Abafundi babesebezelana ______________.
   a) ngezibalo
   b) ngemifanekiso abayizobileyo
   c) ngeencwadi ababezifunda
   d) Ayikho impendulo kwezi zingentla.
3. Babesebezelana ngantoni abafundi?
4. Tyhila ufunde kwiphepha lama-93. Sesiphi isivakalisi esingqina ukuba ixesha lebali sesona sifundo sithandwayo ngabafundi?
5. Abafundi baqhele ukwenza ntoni ngexesha lokuphumla?
6. Phawula izivakalisi ngenani u-1 ukuya ku-4 ukubonisa ukulandelelana kweziganeko okuchanekileyo ebalini:

| | | |
|---|---|---|
| a) | UNkosikazi Maduna wayengazi ukuba kutheni na kusuke kwanosebe-sebe ongaka. | |
| b) | Ekugqibeleni uNkosikazi Maduna wafumanisa ukuba kutheni abafundi babesebezelana! | |
| c) | Emva kwexesha lokuphumla abafundi banika uNkosikazi Maduna isipho somnyazi ogcwele impahla zosana awayengasilindelanga. | |
| d) | Abafundi babengayeki ukusebezelana ngexesha lezifundo. | |

7. Ingaba kwakunjani kuNkosikazi Maduna ekupheleni kwebali?

   a) wayemangalisiwe onwabile
   b) wayemangalisiwe enomsindo
   c) wayemangalisiwe elusizi

## B. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 7** (ukuhlela ngokuchanekileyo)

1. **Khuphela izihloko. Bhala ke ngoku igama ngalinye kolu luhlu lungezantsi phantsi kwesihloko esichanekileyo.**

   Ezosana          Ezesikolo

   iibrashi zokupeyinta, iipensile, izihlangu zosana ezilukiweyo, iidami, izikere, iincebethana, iidesika, izinto zokudlala, iirula, iibhotile zeentsana, iyunifom yesikolo, izishuba, izibalo, ubisi

2. **Khetha amagama abe mathathu kuluhlu ngalunye ubhale izivakalisi.**

## C. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 113**

**Bhala kwakhona izintlu ezingentla, utshintshe igama ngalinye elikwisininzi libe kwisinye, umzekelo: *usana* – *iintsana*.**

*PHAWULA: amanye amagama asenokufana isinye nesininzi*

# Ngubani owophule ifestile?



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
engatyhilekanga, intenetya, wadanduluka, wangxengxeza, ibhola yomnyazi, ibhola yombhoxo

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
wayekhathazekile, kwakuziingceba, amakhwenkwana, engatyhilekanga, ekhatywayo, engabafumananga, wayengenelisekanga, wangxengxeza, wayesigcinile

Ngenye imini uNkosikazi Phosa ebuya kuthenga ezivenkileni, wothuka akufika ifestile yegumbi lakhe lokuphekela yophukile. Kwakuziingceba nje yonke indawo kukho nebholana emhlophe encinci kwalapho phantsi egumbini.

'Ifestile yam yophukile! Ingaba ngubani lo wenze lo monakalo?' wadanduluka, ekhuza uNkosikazi Phosa.

Wayekhathazekile uNkosikazi Phosa. Wayezimisele ukumfumana umntu ophule ifestile yakhe. Wayeqinisekile futhi ukuba ngabantwana abangenambeko abophule lo festile ngebhola. Ngoko nangoko weva endleleni esiya kubumelwane ukuya kubakhangela.



UNkosikazi Phosa wabona amakhwenkwana, edlala iqakamba.

‘Yibhola yenu le? Ingaba nini aba bophule ifestile yam?’ wabuza uNkosikazi Phosa engatyhilekanga.

Amakhwenkwana aqwalasela loo bhola incinci, imhlophe esandleni sikaNkosikazi Phosa. Ukuphendula ambonisa eyabo ibhola yeqakamba ebomvu ngebala.

‘Hayi, mama. Leyo ibhola asiyazi. Eyethu ibhola yile. Ayisithi abophule ifestile yakho,’ atsho amakhwenkwana.




UNkosikazi Phosa wahamba nje umgama omfutshane, wabona amantombazana amancinci edlala ibhola yomnyazi.

'Le bhola yophule ifestile yam. Ingaba yeyenu le bhola?' wabuza uNkosikazi Phosa.

Amantombazana aqwalasela loo bhola incinci, imhlophe esandleni sikaNkosikazi Phosa. Ukuphendula ambonisa eyabo ibhola yomnyazi eorenji ngebala.

'Hayi, mama. Asiyazi leyo. Ibhola yethu yile. Ayisithi abophule ifestile yakho,' atsho amantombazana amancinci.



Waqhubeka uNkosikazi Phosa efunisa ezibuza ukuba inokuba ngabaphi aba bantwana bangenambeko nabophule ifestile yakhe.

Wabona bantwana bathile, bedlala ibhola ekhatywayo.

'Yibhola yenu le? Ingaba nini aba bophule ifestile yam?' wabuza uNkosikazi Phosa.

Abantwana baqwalasela lo bhola incinci imhlophe esandleni sikaNkosikazi Phosa. Ukuphendula bambonisa eyabo ibhola yesoka enkulu emhlophe namnyama ngebala.

'Hayi, mama. Leyo ibhola asiyazi. Eyethu ibhola yile. Ayisithi abophule ifestile yakho,' batsho abantwana.



Waqhubeka uNkosikazi Phosa, ehamba, efunisa. Wayezibuza kwakhona ukuba inokuba ngubani lo waphule ifestile yakhe.

Wabona amantombazana amabini edlala intenetya.

'Le bhola yaphule ifestile yam. Ingaba yeyenu le bhola?' wabuza uNkosikazi Phosa.

Amantombazana aqwalasela loo bhola incinci, imhlophe esandleni sikaNkosikazi Phosa. Ukuphendula ambonisa eyabo ibhola yentenetya etyheli ngebala.

'Hayi, mama. Asiyazi leyo. Ibhola yethu yile. Ayisithi abophule ifestile yakho,' atsho amantombazana.



Ejikeleza ekhangela njalo uNkosikazi Phosa, wayesele esondele kwakhona ekhayeni lakhe. Wayengazi engekamfumani umntu owaphule ifestile yakhe.

Wabona amakhwenkwe amabini edlala ibhola yombhoxo.

‘Yibhola yenu le? Ingaba nini aba baphule ifestile yam?’ wabuza uNkosikazi Phosa.

Amakhwenkwe aqwalasela loo bhola incinci, imhlophe esandleni sikaNkosikazi Phosa. Ukuphendula ambonisa eyabo ibhola yombhoxo embhoxo nemdaka ngebala.

‘Hayi, mama. Leyo asiyazi. Eyethu ibhola yile. Ayisithi abophule ifestile yakho,’ atsho amakhwenkwe.



Wancama uNkosikazi Phosa wabona ukuba makagoduke. Wayengenelisekanga, ekhathazekile kakhulu, engabafumananga abo bantwana baphule ifestile yakhe.

Esahamba, esehla ngendlela, wabona ummelwane wakhe uMnumzana Msomi eziqhelisa ukubetha ibhola yegalufa ebaleni lengca nelokuphumla ekhayeni lakhe.

UNkosikazi Phosa waqwalasela ibhola encinci, emhlophe esandleni sakhe. Waqwalasela futhi iibhola ezincinci, ezimhlophe phantsi ebaleni lengca nelokuphumla likaMnumzana Msomi nezazifana nebhola esandleni sakhe.

'Yibhola yakho le?' wabuza uNkosikazi Phosa ngelizwi eliphakamileyo.

'Ewe! Yiyo, yibhola yam,' waphendula uMnumzana Msomi.



'Lonke eli xesha bendicinga ukuba ngumntwana ongenambeko lo wophule ifestile yam, kanti nguwe!' wadanduluka uNkosikazi Phosa emangalisiwe.

'Eneneni ndikonile, Nkosikazi Phosa! Ndicela uxolo! Ndiza kuyibhatala ifestile yakho! Ndiza kukunceda nokuqokelela ndicoce iingceba zefestile eyophukileyo,' wangxengxeza uMnumzana Msomi.

Emva kosuku, wayencumile onwabile uNkosikazi Phosa kuba uMnumzana Msomi wayesigcinile isithembiso sakhe wamfakela ifestile entsha.

Wathembisa nokuthembisa uMnumzana Msomi ukuba uya kuqaphela ukuze angaphindi adale umonakalo xa eziqhelisa ukudlala igalufa kwakhona!

# Ngubani owophule ifestile?

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Yifestile yeliphi igumbi le wafumana yophukile uNkosikazi Phosa?
2. Kwaba njani kuNkosikazi Phosa akufika ifestile yakhe yophukile?
   a) Wayengakhathali.
   b) Wayekhathazekile.
   c) Wayesoyika.
   d) Ayikho impendulo kwezi zingentla.
3. Wayecinga ukuba ngubani owophule ifestile uNkosikazi Phosa?
4. Ibhola encinci, eqinileyo emhlophe yeyawuphi umdlalo?
5. Chaza ukuba izivakalisi ezilandelayo ziyinyani (**N**) okanye aziyonyani (**A**).

| | | |
|---|---|---|
| a) | Ibhola yesoka nebhola yomnyazi ziyalingana zinesakheko esifanayo. | |
| b) | Ibhola yentenetya incinane kunebhola yegalufa. | |
| c) | Ibhola yombhoxo ingqukuva busangqa. | |
| d) | Udinga iphini, ibhola nesibini seentonga ezintathu ukudlala iqakamba. | |

6. Walubonakalisa njani uMnumzana Msomi udano lwakhe ngokwaphula ifestile.

7. Phawula izivakalisi ngenani ngokulandelelana kwazo uqala kwisi-1 ukuya kwisi-3.

| | | |
|---|---|---|
| a) | Wafumanisa ukuba ibhola kaMnumzana Msomi yiyo eyophule ifestile. | |
| b) | Abantwana bonke bathi yayingezobhola zabo ezophule ifestile. | |
| c) | UNkosikazi Phosa waya kukhangela umntu owophule ifestile. | |

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 87**

1. **Bhala igama lombala ngendlela eyiyo echanekileyo. Bhala ke ngoku isivakalisi usebenzisa igama ngalinye.**

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| a) | hlomphe | c) | njireo | e) | lityhe |
| b) | mvubo | d) | mamnya | f) | kamda |

2. **Bhala izivakalisi ezilandelayo zibe kwixesha elimiyo.**

UNkosikazi Phosa wahamba nje umganyana. Wabona amantombazana edlala ibhola yomnyazi.

'Ingaba yibhola yenu le?' wabuza uNkosikazi Phosa.

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 76, 83, 87**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 43, 85**

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 13**

**Khetha nawuphi na umdlalo kwimidlalo esebalini ubhale iinkcukacha ngawo izivakalisi zibe ngangesi-4 ukuya kwisi-6.**

# Ibali-56

# Sibhaka nomakhulu



**PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI**

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
iqondo, ngemilinganiselo, ukubonda, kwizikhongozelo, ukulungelelanisa, kuhluza, lomxube, ayakhukhumala, zokuthintela, ngocoselelo

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
amaqebengwana, nogcwalise, singagungqi, kwintlama, nokuqhuqha, imvuthuluka

Molo! Igama lam ndinguBirdie. Namhlanje, umakhulu uza kuncedisa mna nomhlobo wam uKolo ukubhaka. Siza kubhaka amaqebengwana abizwa ngegama lesiqholo ivanila. Ungeza kusibukela! Ngumsebenzi omnandi kakhulu!

Mna nomhlobo wam sivasa izandla ngeli xesha umakhulu yena ebasa, elungisa ubushushu besitovu nobufanele ukuba bufikelele kwiqondo i-180.

Lixesha ke ngoku lokuba siqalise!









Kuqala, sifunda iresiphi ukuze siqiniseke ngemilinganiselo esiza kuyidinga eyile, umgubo, umgubo wokunyusa intlama netyuwa. Umakhulu usibonisa indlela eyiyo yokusebenzisa imela ukulungelelanisa umlinganiselo womgubo nogcwalise ikomityi. Ugalela, edibanisa kulo mgubo, umgubo wokunyusa intlama kunye netyuwa. Ngoku usibonisa ukuhluza umxube uwonke esityeni esiza kubondela kuso.

'Ukuhluza kunceda ukungenisa umoya kwintlama ukuze amaqebengwana anyuke akhukhumale kakuhle,' utsho umakhulu.







Umakhulu uphula, aqhuqhe amaqanda amabini ngefolokhwe, agalele kumxube esityeni. UKolo ugalela ngocoselelo ikomityi yeswekile kumxube. Mna ndigalela ngocoselelo ubisi neoli. Ekugqibeleni, umakhulu ugalela itispuni yesiqholo ivanila. Mmmm, inuka kamnandi!



Umakhulu uqala ukuqhuqha umxube ngesiqhuqhi. Kufuneka asiqinise ukusibamba isiqhuqhi, nesitya sokubondela kufuneka singagungqi. Umakhulu uyandivumela ukuba ndizame nam ukuqhuqha, kodwa akululanga njengokuba ucinga!

Ngeli xesha umakhulu aqhubeka nokuqhuqha, mna noKolo siqaba amapani esiza kubhakela kuwo ngamafutha okubhaka.

Umakhulu uyema kancinci ukuqhuqha. Usebenzisa icephe ukuhlola intlama. Kufuneka igude, ithambe ibe lula. Intlama isathi nca ecepheni lakhe.

'Kufuneka ndiqhubeke nokuqhuqha!' utsho umakhulu.

Emva kwemizuzwana eqhuqha, uyayihlola kwakhona intlama umakhulu. Intlama ayisathi nca ecepheni lakhe ngoku. Idibene, ilungele ukugalelwa emapanini!



Ndinepani yam, noKolo unepani yakhe. Umakhulu usibonisa ukugalela ngocoselelo umlinganiselo wecephe lentlama kwisikhongozelo ngasinye kwiipani zethu. Sizama ukugalela umlinganiselo olinganayo kwizikhongozelo ukuze amaqebengwana abe bubukhulu obulinganayo. Sigalela nje isiqingatha sesikhongozelo, silungiselela ukuba intlama inyuke, ikhukhumale ngokwaneleyo.



## *Iresiphi yamaqebengwana*

ULUDWE LWEZITHAKO (*yenza angama-24*)

- *ikomityi ezi-2 zomgubo*
- *itispuni ezi-2 zomgubo wokunyusa intlama*
- *itispuni esisi-$\frac{1}{2}$ yetyuwa*
- *amaqanda ama-2*
- *ikomityi e-1 yeswekile*
- *isi-$\frac{1}{2}$ sekomityi yobisi*
- *isi-$\frac{1}{2}$ sekomityi yeoli*
- *itispuni e-1 yesiqholo ivanila*

Umakhulu ufaka amapani esitovini. Amaqebengwana aza kubhakwa imizuzwana eli-15.



Mna noKolo sikhotha le ntlama isalela ecepheni nasesityeni sokubondela umxube. Asifuni kusale nentwana le yentlama.

'Makhulu, makhe sime ngokuvasa izitya okwangoku!' sitsho, simcela umakhulu.

'Kulungile, kodwa ubuso benu bona buyafuna ukuvaswa!' uyahleka umakhulu, ubona intlama ebusweni bethu.

Ngeli xesha sivasa izixhobo, sicoca, siqoqosha, amaqebengwana nawo ayakhukhumala, ayalunga esitovini. Kungekudala, igumbi lokuphekela linevumba lencasa emnandi yamaqebengwana ashushu.





Laphela ixesha – amaqebengwana alungile! Kwangoko umakhulu ufaka izandla zokuthintela ubushushu ukhupha amapani ashushu esitovini. Ubeka ngenyameko amapani phezu kwesitovu ukuze aphole.

Umakhulu sele eyilungisile imilinganiselo yomxube weswekile emhlophe namanzi esityeni. Mna ndibonda lo mxube ndiwudibanisa ngecephe ukuze ube mhle, uqine.

UKolo yena ulungisa iiswiti zejeli, imvuthuluka emibala-bala neyetshokolethi neebholana ezincinci ezikhazimlayo, esiza kuhombisa ngazo amaqebengwana.



**Iresiphi yomxube weswekile emhlophe**

(amaqebengwana angama-24)

- ikomityi e-$1\frac{1}{2}$ yeswekile emhlophe
- amacephe ama-3 amanzi

Lixesha lokuhombisa amaqebengwana, eyona nto ndiyithandayo!

Akuphola amaqebengwana, sigalela icephe lomxube weswekile obuntlama phezu kweqebengwana siqabe umphezulu wonke. Sizoba amaqebengwana ngokuthi nca nca iiswiti zejeli, sithi saa saa imvuthuluka emibala-bala, eyetshokolethi neebholana ezincinci ezikhazimlayo.

Amaqebengwana ethu, akhangeleka emnandi ngenene! Ndiqinisekile, incasa yawo, nayo iza kuba mnandi ngokwenene emlonyeni!

'Ingathi ayisafiki le mini yangomso sizokutya la maqebengwana kwitheko lokuzalwa likamakhulu!' nditsho kuKolo.

'Ingathi ayisafiki nakum!' naye uKolo utsho, ekhotha iswekile yokugqibela esalele eminweni yakhe.



## Sibhaka nomakhulu

### A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Benza ntoni abantwana phambi kokuba baqale ukubhaka?
   a) Babasa isitovu ukuze sibe shushu.
   b) Bavasa izandla zabo.
   c) Batya iqebengwana.
2. Kudingeka iswekile engakanani?
3. Ngubani ogalela ubisi neoli?
4. Kutheni abantwana beqaba amapani ngamafutha?
5. Abantwana bagalela isiqingatha sesikhongozelo ukuze
   ___________________.
   a) intlama inyuke ikhukhumale ngokwaneleyo
   b) intlama ayanelanga
6. Athatha ixesha elingakanani amaqebengwana ukuvuthwa?
7. Kutheni umakhulu enxiba izandla zokuthintela ubushushu phambi kokuba akhuphe amapani esitovini?
8. Abantwana basebenzisa ntoni ukuhombisa amaqebengwana?
9. Baza kuwatya nini amaqebengwana abantwana?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 92, 118, 121**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 88**

**Khetha <u>isiphawuli</u> okanye <u>isichazi</u> esichanekileyo ukugqibezela isivakalisi.**

| | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|
| qina | gude | bini | khaphukhaphu | shushu | mnandi |

1. Iresiphi idinga amaqanda ama______.
2. Umakhulu uqhuqha intlama ide i______ ibe______.
3. Amaqebengwana anuka kamnandi aye akhangeleka ______.
4. Umakhulu ukhupha amapani a______ esitovini.
5. Iswekile ebuntlama kufuneka ixutywe yade ya______.

## C. Ukubhala


Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 80**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 89**

1. **Ufundile ngomakhulu kaBirdie ebalini. Owakho umakhulu umgumntu onjani? Bhala uchaze ngomakhulu wakho okanye nangaliphi na elinye ilungu losapho lwakho.**

   <u>OKANYE</u>

2. **Bhala ngethuba owakhe walifumana ukubhaka. Chaza ngento owawuyibhaka. Wawuyibhakela bani? Ngubani owakuncedisayo?**

# Ncedani bo!



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
ethubeleza, efunze, wagwencela, bexingile, ngocoselelo, enyamekile, sebenzisa ingqondo, phululu, themba mqala

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
wayechwechwa, endlwaneni, kukurhala, ningakhathazeki, usengxakini

Ngenye intsasa ukati omafutha ezula-zula, ethubeleza, ehamba-hamba, weva isandi sentaka encinci sivela emthini omde womoki. Ejonga phezulu wabona incede encinci kanye phezulu endlwaneni yayo emthini.

‘Hmm, ncede encinane. Themba mqala uza kuginya!’ wazithembisa ngokuyitya incede ukati omafutha sele enambitha kukurhala.






Kwangoko ukati omafutha wakhwela emthini ngeenjongo zokuba afumane incede leyo. Wayechwechwa, ebambelela ngeenzipho zakhe ezinde, ezibukhali, emana etsibela kumasebe angentla, esiya enyuka, efunze phezulu.

Lo kati umafutha ogezayo! Mjonge. Ukhwele wagwencela, waya kutsho phezulu kakhulu emthini. Ngoku usengxakini, uxingile, uyoyika, akakwazi ukwehla.

Ncedani, bantu! wayekhala ukati omafutha, efuna ukwehla emthini!

USara edlula ngendlela, uva isikhalo. Wajonga phezulu, wabona ukati omafutha kanye kwelona sebe liphezulu emthini.

'Ungakhathazeki wena kati omafutha, ndiza kukunceda!' wathembisa uSara.




USara wakhwela emthini, ebambelela kumasebe ngocoselelo, enyamekile, enyukela phezulu. Kwathi makajonge ezantsi. Yho! Kwakukude kakhulu emhlabeni. Wayesoyika uSara ukuba phezulu kangaka emthini.

'Ncedani, ndincedeni! Ndifuna ukwehla emthini!' wakhwaza uSara, ecela uncedo.

UDon edlula ngendlela, uva uSara ekhwaza. Wajonga phezulu, wabona uSara nokati omafutha bexingile phezulu emthini.

'Ningakhathazeki, ndiza kuninceda!' wathembisa uDon.



UDon wakhwela emthini, ebambelela kumasebe ngocoselelo, enyamekile, enyukela phezulu. Engaqondanga waphazama wanyukela kwicala elingelilo suka waxinga. Wayenyukele phezulu kakhulu uDon. Waqala woyika.

'Ncedani bo! Sincedeni, sifuna ukwehla emthini!' wakhwaza uDon, ecela uncedo.

Umama uMina edlula ngendlela, uva uDon, ekhwaza. Wajonga phezulu, wabona uDon, uSara nokati omafutha bexingile emthini.

'Ningakhathazeki, ndiza kuninceda!' wathembisa umama uMina.



Umama uMina wakhwela emthini, ebambelela kumasebe ngocoselelo, enyamekile, enyukela phezulu. Esakhwela njalo, suka phululu waphosa isebe wayokuxinga phakathi kwamanye amasebe. Owu! Kwakukude ezantsi emhlabeni kumama uMina ukuba angatsiba, ehle emthini. Waqala naye woyika.

'Ncedani! Sincedeni, sifuna ukwehla emthini!' wakhwaza umama uMina, ecela uncedo.

Umalume uSoli udlula ngendlela, uva umama uMina ekhwaza. Wajonga phezulu wababona bonke bexingile emthini. Inokuba umalume uSoli wayeza kukhwela emthini naye?

Hayi akunjalo! Umalume uSoli wasuka wajika wabuyela umva.

Ingaba kwakutheni umalume uSoli angancedi? Kwakutheni aze abashiye bexingile emthini?

'Ncedani bantu! Sincedeni bo! Sifuna ukwehla emthini!' bonke babekhwaza.



Suka kwathi cwaka! Babebona umalume uSoli, ebuya, esiza ngakubo!

Umalume uSoli wayethwele ileli ende eyayiza kubanceda ukwehla emthini!

‘Ningakhathazeki, Sara, Don nawe mama uMina. Ndiza kuninceda nonke. Niza kuhla ngale leli.’

Umalume uSoli wayesebenzise ingqondo!




Kwaqala umama uMina ukwehla, kwalandela uDon waze uSara wehla ekugqibeleni.

'Owu! Enkosi malume Soli, siyabulela usincedile!' batsho bonke bonwabile bevuya.

Ephi ke yena lo kati umafutha ugezayo?

Akube edale yonke le nkathazo, utsibile emthini wazehlela. Nanko ezihambela, esihla ngendlela ezonwabele.

Phofu ebengadingi luncedo kakade, nakubani na!



## Ncedani bo!

### A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Kwakutheni ukati omafutha aze akhwele emthini?
2. Kwakutheni uSara aze akhwele emthini?
3. Umama uMina wazi kanjani ukuba abantwana badinga uncedo?
4. Kwenzeka ntoni kumama uMina?
   a) Wakhwela waya kufikelela phezulu emthini.
   b) Waphosa isebe wayokuxinga phakathi kwamanye amasebe.
   c) Waphoncuka emthini wayokuwa ezantsi emhlabeni.
5. Kwaba njani kubo bakubona umalume uSoli ejika? Kutheni ucinga njalo?
6. Wabanceda njani umalume uSoli?
   a) Wakhwela emthini.
   b) Wemka wabashiya.
   c) Wabuya neleli.
7. Phawula ngolu hlobo (X) ecaleni kwempendulo echanekileyo. Umalume uSoli _______________.

| | |
|---|---|
| wasebenzisa ingqondo | |
| wakhwela imithi | |
| wayenekati yakhe | |

8. Ngubani owayengadingi ukuncedwa ukwehla emthini? Kwakutheni?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 21, 73**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 21, 46**

**Bhala kwakhona ezi zivakalisi zilandelayo ufakele iziphumlisi ngokufanelekileyo.**

1. ndicela uncedo wakhwaza usara
2. usara udon nomama umina babexinge emthini
3. kwakutheni umalume usoli aze abuyele umva

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 32-34, 54, 66-68, 100-102, 134-136**. Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 31-34, 65-68, 98-100**

**Bhala <u>ibali</u> izivakalisi ezingaba-10. Nika ibali lakho isihloko.**

1. **Ingaba wena, wakha waxinga ndaweni? Kwakutheni? Ngubani owakuncedayo?**


   <u>OKANYE</u>

2. **Ingaba wakhe wamnceda umntu oxingileyo? Kwakutheni?**

   <u>OKANYE</u>

3. **Zakhele elakho ibali ngomntu oxinge endaweni nokuba uphi na.**

# Uphi uZinzi?




**PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI**

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
ligqatse ubhobhoyi, imizobo, lovane, ukufulela (uphahla), uyangqengqa, icikilishe, ibingenzima!

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
batshiswa, ukunxanwa, uthunywe, nomnakwabo, iintyatyambo, ezinomtsalane, uyangqengqa

KuloZinzi kwakhiwa indlu entsha lusapho. Kusekuseni kodwa, selitshisa kakhulu ilanga ligqatse ubhobhoyi. Nabasebenzi sele besebenze kakhulu, ngoku batshiswa lilanga, kwaye baqala ukunxanwa, badinga amanzi okusela.




UZinzi uthunywe emlanjeni ukuya kukha amanzi. Uza kubaphathela amanzi okusela apholileyo nacocekileyo ukuthoba unxano abasebenzi.

Emlanjeni, uZinzi ubona amatye amancinci amahle. Ubeka iemele yakhe phantsi, aqale ukudlala, esakha imizobo esantini ngala matye. Ubona nesele elincinci elityeni, aqale incoko.

'Molo, sele. Igama lam ndinguZinzi. Kushushu namhlanje, nosapho ekhaya luxakekile lusebenza nzima, lwakha indlu entsha. Basebenza nzima kwaye banxaniwe. Kunjalo nje ke, nelanga lishushu kakhulu. Ndiza kubaphathela amanzi apholileyo, acocekileyo okusela … nje ukugqiba kwam ukwakha le mizobo yam.'

UZinzi encokola nesele, ezoba nangamatye nje, usapho ekhaya luyaqhubeka, lwakha indlu entsha. Udade wabo bayasebenza, basika ingca yokufulela uphahla. Batshiswa lilanga, badiniwe, banxaniwe. Bafuna ukusela amanzi. UZinzi yena, ulibele emlanjeni, akabuyi namanzi athunywe ukuba aye kuwakha.

'Uphi na uZinzi?' bayabuzana abasebenzi.



UZinzi uhamba kancinci, eziculela iingoma zakhe ubuyela ekhaya. Endleleni, ubona iintyatyambo ezintle ezinomtsalane ecaleni kwendlela. Uyibeka phantsi iemele eza kuchola-chola iintyatyambo. Ubona nolovane oluncinci luthe gqi ngebala elihle emthini, uyalibulisa.

'Molo, lovane. Igama lam ndinguZinzi. Jonga, ndize ne-emele yam. Ndiphathele usapho lwasekhaya amanzi apholileyo nacocekileyo okusela. Bandilindile… ndiza kuhamba nje ukugqiba kwam ukuchola-chola ezi ntyatyambo.'



Echola-chola iintyatyambo, encokola namalovane nje uZinzi, usapho ekhaya luyaqhubeka lwakha indlu entsha. Umama kaZinzi nomakhulu bayasebenza batyabeka udonga lwendlu. Batshiswa lilanga, badiniwe kwaye banxaniwe. Bafuna ukusela amanzi. UZinzi yena, ulibele, akabuyi namanzi athunywe ukuba aye kuwakha emlanjeni.

'Uphi na uZinzi?' bayabuzana abasebenzi.



UZinzi uphumla phantsi komthi, uyangqengqa engceni ethambileyo. Ubona icikilishe elincinci esebeni lomthi, uyalibulisa.

'Molo, cikilishe. Igama lam ndinguZinzi. Jonga, ndize ne-emele yam. Ndiphathele usapho lwasekhaya amanzi apholileyo nacocekileyo okusela. Bandilindile … kodwa, mandikhe ndithi nje ukuphumla kancinci kuqala, ndihambe ke emva koko.'



Engqengqe phantsi komthi, encokola namacikilishe nje uZinzi, usapho ekhaya luyaqhubeka lwakha indlu entsha. Utata kaZinzi nomalume bayasebenza, bafulela indlu. Batshiswa lilanga, badiniwe, banxaniwe. Bafuna ukusela amanzi. Lide eli thuba uZinzi ehambile, ukuya kukha amanzi emlanjeni.

'Ulibele phi na uZinzi?' bayabuzana abasebenzi.



Nguye lo, wade wafika uZinzi! Ekugqibeleni ubaphathele amanzi apholileyo nacocekileyo abasebenzi! Usapho luvuyile kakhulu akufika.

'Khawutsho, ulibele phi ixesha elide kangaka? Kunini sikulindile namanzi sinxaniwe!' bayambuza abasebenzi.

UZinzi ubeka iemele phantsi. Ubambelela ngezandla emadolweni ebonakalisa ukudinwa.

'Yhu, ndihambe, ndahamba. Kukude emlanjeni! Yiyo le nto kungona ndifikayo. Enye into, indlela le bekushushu ngayo. Andithethi ke nge-emele! Indisinde! Indlela le endisebenze nzima ngayo, andifumananga nethuba eli lincinci lokuphumla.'

*Hayi bo, Zinzi! Ingaba inene injalo loo nto?*



# Uphi uZinzi?

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Eli bali lenzeka ________________.
   a) kufutshane nomlambo
   b) edolophini
   c) elwandle
2. Wayethunywe ntoni uZinzi?
3. Kwakutheni ukuze wonke umntu abe unxaniwe?
4. Wadibana naziphi izilwanyana uZinzi endleleni?
   a) isele, isigcawu nolovane
   b) inyoka, icikilishe nesele
   c) ulovane, isele necikilishe
5. Wawathwala njani uZinzi amanzi?
6. Phawula ngenani elingu-1 ukuya ku-3 izivakalisi ngokulandelelana kwazo ebalini.

| | |
|---|---|
| a) UZinzi waphumla emthunzini. | |
| b) UZinzi wachola iintyatyambo. | |
| c) UZinzi wakha imizobo ngamatye esantini. | |

7. Ingaba uZinzi wayengxamile ukubuyela ekhaya namanzi? Xhasa impendulo yakho?
8. Ingaba uZinzi wabachazela inyani akufika ekhaya abantu?
   a) Ewe, kuba wayesebenze nzima ngokubuya namanzi ekhaya.

b) Hayi, kuba wayechitha ixesha edlala endleleni ebuyela ekhaya.

c) Hayi, kuba wayenesazela sokuba ethathe ixesha elide ukubuya namanzi.

d) u-b no-c

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 114, 118, 121**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 28, 76, 87, 104, 123**

**Chonga izibizo zibe zibini, isenzi sibe sinye, nesichazi sibe sinye kwisivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo.**

1. Isele elincinci eliluhlaza lihleli phezu kwelitye.
2. Usapho lwakha indlu entsha.
3. UZinzi uchola iintyatyambo ezintle.


## C. Ukubhala

**Ayesenza misebenzi mini eyahlukeneyo amalungu osapho ukuncedisana ukwakha indlu? Gqibezela iinkcukacha.**

| Ngubani? | Owenza ntoni? | Iphepha encwadini |
|---|---|---|
| UZinzi | wayokukha amanzi | 132 |
| Udade boZinzi nomnakwabo | | 133 |
| Umama nomakhulu kaZinzi | | 135 |
| Utata nomalume kaZinzi | | 137 |

# Iyho! Mkhulu lo mnqathe!

*Intsomi entsingiselo iseRashiya*



**PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI**

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
ngelokuncama, geqe, idlisela, ngezigalo, iqobisa, yanyantsula, ongananzwanga, sibuthathaka, akukho zenu

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
enkcenkceshela, nongowokugqibela, phantse, wawubambelele, ngamanqina, ungatsalekiyo, ngokuzithemba, abasengxakini

Umfama uNqaba wayekuthanda ukulima, ezidla ngesitiya sakhe semifuno. Kumqolo wokuqala, wayetyale iitumato ezibomvu. Kumqolo wesibini, wayetyale iletisi eluhlaza. Kumqolo wesithathu, wayetyale iitapile ezimdaka. Kumqolo wesine nongowokugqibela, wayetyale iminqathe eorenji.

Mihla le umfama uNqaba wayesebenza egadini yakhe, enkcenkceshela izithole, ehlakula ukhula ehlaziya nomhlaba. Emva kweeveki ezimbalwa, imifuno yayilungele ukuvunwa.

Umfama uNqaba wavuka ekuseni, wanxiba izihlangu zakhe zokusebenza egadini, waqalisa ukuvuna. Wavuna zonke iitumato ezibomvu kumqolo wokuqala. Wavuna yonke iletisi kumqolo wesibini. Wavuna zonke iitapile ezimdaka kumqolo wesithathu. Wavuna yonke iminqathe kumqolo wokugqibela. Hayi yonke, phantse yonke. Kwakukho lo mnqathe wokugqibela wawubambelele emhlabeni, usala ukutsaleka.



Umfama, uNqaba watsala, watsala, *watsala*, kodwa, wala umnqathe ukutsaleka.

'Inokuba mkhulu ngenene lo mnqathe!' wayecinga umfama uNqaba, exakiwe, waza wabiza unkosikazi wakhe ukuba aze kuncedisa ukutsala.



Unkosikazi kaNqaba wabambelela, waqinisa kumfama uNqaba esinqeni. Bobabini batsala, batsala, *batsala*, kodwa wawubambelele umnqathe, usala ukutsaleka.




'Mkhulu kakhulu lo mnqathe!' wayecinga unkosikazi kaNqaba, exakiwe, waza wabiza unyana wabo ukuba aze kuncedisa ukutsala.




Unyana wabambelela, waqinisa esinqeni kunina. Bobathathu batsala, batsala, *batsala*, kodwa wawubambelele umnqathe, usala ukutsaleka.

'Iyho hayi, mkhulu lo mnqathe!' wayecinga unyana, exakiwe, waze wabiza ihagu ukuba ize kuncedisa ukutsala.

Ihagu yema
ngamanqina ayo
angemva yabambelela,
yaqinisa kunyana.
Bonke batsala, batsala,
*batsala*, kodwa
wawubambelele
umnqathe, usala
ukutsaleka.



'Iyho! Inokuba mkhulu
ngenene lo mnqathe!'
yacinga ihagu ixakiwe,
yaza yabiza ikati ukuba ize kuncedisa ukutsala.



Ikati yatsiba, isehla
eludongeni, yabambelela,
yaqinisa ehagwini.
Bebonke batsala,
batsala, *batsala*,
kodwa wawubambelele
umnqathe usala
ukutsaleka.

'Iyho! Mkhulu kakhulu lo
mnqathe!' yayicinga
ikati, ixakiwe.


Bebonke babediniwe kukutsala lo mnqathe ungatsalekiyo.

'Ingathi awuzi kutsaleka lo mnqathe,' watsho umfama uNqaba ngelokuncama.

'Masikhe sizame nje okokugqibela,' yatsho ikati, ibiza impuku ukuba ize kuncedisa ukutsala.



Impuku yabambelela ekatini eyayibambelele iqinisile ehagwini, hagu leyo eyayibambelele kunyana, unyana owayebambelele kunina, unkosikazi kaNqaba, nkosikazi owayebambelele kumfama uNqaba. Bonke, batsala, batsala, batsala, *batsa-a-a-a-a-la*…



WATSALEKA umnqathe!

Kwangoko impuku encinci yema kude geqe yazivuthulula. Yaphakamisa iingalo idlisela ngezigalo zayo, iqobisa yathi, ‘Bizani mna lo nanini na xa nifuna uncedo! Kucacile nje ukuba nina ninonke, akukho zenu!’

Ngokuzithemba okukhulu, yanyantsula yabashiya apho bemile impuku.

Ngubani owayenokucinga okokuba impukwana encinci ingatsala umnqathe omkhulu kangako?



Eyona nto ihlekisayo kule ntsomi kukuba kungenxa yoncedo lwesona sidalwa sincinane sibuthathaka (impuku) okwenza owona mnqathe mkhulu utsaleke. Ibali lisifundisa okokuba inganguye noyena wakhe wamncinane okanye ongananzwanga umntu ongaba luncedo komnye okanye kwabanye abantu abasengxakini.

# Iyho! Mkhulu lo mnqathe!

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Ngubani owalima isitiya semifuno?
2. Watyala mifuno mini?
3. Kwathatha ixesha elingakanani ukuba imifuno ilunge?
   a) iintsuku ezimbalwa
   b) iiveki ezimbalwa
   c) iveki
4. Wayesenza ntoni ukukhathalela isitiya sakhe semifuno umfama uNqaba?
5. Yintoni eyabangela ukuba angawutsali umnqathe wokugqibela umfama uNqaba?
   a) Umnqathe wawumkhulu kakhulu.
   b) Umfama uNqaba wayediniwe.
   c) Umfama uNqaba wayefuna umnqathe ukhule ube mkhulu.
6. Nika amagama abo bonke ababizwa ukuza kunceda ukutsala lo mnqathe mkhulu.
7. Phawula ukuba isivakalisi siyinyani (**N**) okanye asiyonyani (**A**).

| | | |
|---|---|---|
| a) | Unkosikazi kaNqaba wabiza impuku. | |
| b) | Umnqathe wawubambelele emhlabeni. | |
| c) | Ikati yabambelela ehagwini. | |
| d) | Umfama uNqaba wabiza unyana wakhe ukuba aze kunceda. | |

8. Yintoni le eyayisenza impuku idlisele kangaka?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 76, 83, 87, 114**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 28, 43, 76, 77, 81, 104, 123**

1. **Fumana ukrwele umgca ngaphantsi kwazo zonke izenzi kwizivakalisi ezingezantsi.**
2. **Bhala kwakhona izivakalisi zibe kwixesha elimiyo/langoku.**

Impuku encinci yema kude geqe yazivuthulula. Yaphakamisa iingalo idlisela ngezigalo zayo, iqobisa yathi, 'Bizani mna lo nanini na nifuna uncedo.'

## C. Ukubhala


Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 26, 29**

**Bhala iresiphi equka umnqathe njengesithako, umzekelo: isuphu, isaladi, isityu, ikeyiki, njalo njalo.**

**UBUSAZI?**

- Owona mnqathe mde emhlabeni wawulinganiselwa kwimeta ezintandathu ubude!
- Owona mnqathe mkhulu emhlabeni wawulinganiselwa kwiikilogram ezingaphezu kwe-8.5 ubukhulu!

# Sidlala undize



## PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**

kunentshukumo, kwisigqumathelo, egungquzayo, efinyela, egcobile, kuyintswahla, begigitheka, belichitha, abamthatheli ngqalelo

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**

elinesixhenxe, cwaka, uyachwechwa, ndiyokukhangela, kunentshukumo, kwisigqumathelo, ingxolo, kuyintswahla, awukandifumani

Olu lusuku lokugqibela lweholide izikolo zivulwe. Abahlobo abane bebemana beqokelelana mihla le belichitha kunye ixesha, bedlala.

'Makhe sidlale omnye umdlalo namhlanje,' watsho uSandile.

'Singadlala owuphi ngoku umdlalo?' uyacinga uSam, ebuza nabahlobo.

'Kudala ndicinga. Andazi ukuba singadlala ntoni,' uyaphendula uJen.

'Ewe, sesidlale, sayiphinda-phinda imidlalo,' watsho uMeg.

Besacinga njalo, uSandile uyakhumbula. 'Yizani, sidlale. Siza kudlala undize. Asikamdlali oko zivaliwe izikolo. Nina niyazimela kwalapha endlini. Mna, ndiza kubala, ndinifune, ndide ndinifumane,' uyabayalela uSandile.

'Ewe, unyanisile!' bayavuya bonke, bekhumbula ukuba undize ngumdlalo omnandi kakhulu.

'Ewe, undize! Nam ndiyazimela!' uyakhwaza uNdumiso umninawa kaSandile. UNdumiso uzibalela eqeleni labahlobo, kodwa uSandile nabahlobo abamva kuba abamthatheli ngqalelo.



‘Balekani, khawulezani, funani iindawo zokuzimela. Mandiqale … nye, mbini, ntathu,’ uyabala uSandile, uqalile umdlalo.


Kumnandi uSam, uJen noMeg bakhangela iindawo zokuzimela phakathi endlini. UNdumiso omncinci naye uyabaleka uyokukhangela indawo yokuzimela endlini, kodwa akukho mntu uqaphelayo ukuba naye uyadlala.

USandile uyaqhubeka uyabala, ‘Ishumi, elinanye, elinambini … Ndize?’

Bayagigitheka abanye sele bezifumene iindawo zokuzimela, abanye abakazifumani, ‘Hayi!’

USandile uyagqiba ukubala, ‘Elinesixhenxe, elinesibhozo, amashumi amabini! NDIYEZA!’

‘Ewe!’



Cwaka, wonke umntu uyifumene indawo yokuzimela.

USandile akazi ukuba makaqale phi ukukhangela, ‘Sendifikile, nokuba umntu akakayifumani indawo yokuzimela.’

USandile ubaleka ungena egumbini lokuphumla.

‘Inokuba bazimele phi?’ uyakhangela, phezulu, ezantsi, macala onke egumbi, enxele nasekunene uSandile. Uyabona naso isihlangu sithe thu sivele phantsi kwekhetini.

Uyachwechwa esondela, utsala ikhetini. Exhuma othukile ehleka, uSam uyavela!


‘Nanku! Ndikufumene kuqala, Sam! Ndiyifumene nendawo ozimela kuyo!’ watsho uSandile. ‘Iza, landela mna ndiyokukhangela amantombazana.’



USandile elandelwa nguSam bebaleka, bangena egumbini lokulala.

‘Inokuba aphi la mantombazana?’ uyakhangela, phezulu, ezantsi, macala onke egumbi, enxele nasekunene uSandile. Uyabona ukuba kunentshukumo apha kwisigqumathelo sebhedi. Ingathi futhi kukho into egungqazayo ngaphantsi kwaso. Uyachwechwa esondela, uphakamisa isigqumathelo. Etsiba, othukile ehleka, uJen uyavela!

‘Nguye lo! Ndikufumene, Jen! Ndiyifumene nendawo ozimela kuyo!’ atsho uSandile. ‘Iza, landela nawe ndiyokukhangela uMeg.’



USandile ebaleka, elandelwa nguSam noJen, bangena egumbini lokuphekela.

'Inokuba uzimele phi ke yena uMeg?' uyakhangela, phezulu, ezantsi, macala onke egumbi, enxele nasekunene uSandile. Uva ingxolo ekhabhathini. Uyabona nazo neenwele ezikhanyayo zibambekile zivele kancinci ekhabhathini.

Uyachwechwa, asondele, uvula ngamandla ucango lwekhabhathi. Efinyela, othukile ehleka, gqi uMeg, uvelile!

'Nguye! Nguye lo! Ndikufumene, Meg! Ndiyifumene nendawo ozimela kuyo! Ndinifumene nonke! Nini aba nonke, niphelele!' watsho uSandile, ebala izihlobo zakhe, egcobile. 'Owu, waphela undize kusemnandi!'



Kumnandi kuyintswahla kuhlekwa begigitheka, beva umama kaSandile ebabiza, 'Yizani nonke. Lixesha lesidlo sasemini.'

Abahlobo bonke bahlamba izandla, ngulowo nalowo ufumana indawo etafileni uhlala esitulweni sakhe baqalise ukutya.

'Mhmm, sisidlo esimnandi esi! Enkosi, mama!' bayabulela abantwana.


USandile wonwabile ukholisekile ngokuphumelela. Ubalisela umama ezincoma eqhayisa, 'Yho! Ibingumdlalo omnandi lo! Ndibafumene bonke!'



‘Hayi sonke, bhuti! Mna, awukandifumani!’ kuvakala ilizwi elincinci lisitsho.

Umama uphakamisa ilaphu letafile. Nanko uNdumiso omncinci phantsi kwetafile!

‘Awuyifumananga nendawo endizimela kuyo. Ndim ophumeleleyo!’ watsho uNdumiso evela eqhayisa. Kuyintswahla kuyahlekwa bayagigitheka wonke umntu kumnandi!



## Sidlala undize

### A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Umninawa kaSandile uNdumiso wangenelela emdlalweni kuba ____________________.
   a) wayefuna ukudlala nabantwana abadala
   b) abahlobo bakaSandile bamcela ukuba adlale nabo
   c) kwakubanda ngaphandle
2. Kwakutheni uSandile ebala ukuya kutsho ku-20?
3. Zintoni ezamkhokelela ukuba abafumane abahlobo bakhe uSandile?
4. Wabafumana kwawaphi amagumbi endlu abahlobo bakhe uSandile?
   a) egumbini lokuvasela, elokulala nelokuphekela
   b) egumbini lokuphumla, elokulala nelokutyela
   c) egumbini lokuphekela, elokulala nelokuphumla
5. Ingaba umama kaSandile wayebabizela ntoni abantwana?
6. Khangela kwiphepha lama-157. Sesiphi isivakalisi esikuchazela ukuba abantwana babesonwabele isidlo.
7. Wayezimele phi uNdumiso?
8. Phawula ngenani elingu-1 ukuya ku-4 izivakalisi ngokulandelelana kwazo ebalini:

| | | |
|---|---|---|
| a) | USandile wathi nguye ophumeleleyo. | |
| b) | USandile wabala ukuya kutsho ku-20 ukunika abahlobo bakhe ithuba elaneleyo lokuzimela. | |

| | |
|---|---|
| c) UNdumiso wathi nguye ophumeleleyo kuba uSandile wayengazange amfumane. | |
| d) USandile wabafumana bobathathu abahlobo bakhe. | |

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 21**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 21**

**Khetha isingxi (.) okanye uphawu lombuzo (?) okanye uphawu lwesikhuzo (!) ukugqibezela izivakalisi ezilandelayo.**

1. Sendifikile, nokuba umntu akakayifumani indawo yokuzimela
2. USandile ubaleka ungena egumbini lokuphumla
3. Inokuba aphi la mantombazana

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 24**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 24**

**Balisa okukhumbulayo ngebali. Sebenzisa esi siseko singezantsi ukukunceda.**


**Igama:** ________________ **Umhla:** ____________

**Igama lebali:** ______________________________



- Ngobani abalinganiswa abaphambili?
- Bhala isishwankathelo esifutshane sebali. Isishwankathelo sakho kufuneka sibe nesiqalo, isiqu nesiphelo.
- Yeyiphi eyona ndawo oyithandayo ebalini?
- Ulithandile eli bali? Kungani ulithandile okanye ungalithandanga?

# UThenjiwe uthenga impahla



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**

ndiyafaneleka, akroboka, qwa, uyasibhijela, elenca

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**

emtshatweni, etshintsha-tshintsha, engaqondanga, luncanyathiselweyo, emnqwazini, ndiyikumkanikazi, ezintsha, yingcinga, njengeayiskrim

Usapho lwakwaFilo luze kuthenga evenkileni yempahla.

UThenjiwe, igqibelo lakwaFilo, ukhapha umama, baye kwicandelo lezihlangu. Umama uzifunela esona sihlangu sihle naza kusinxiba emtshatweni kamakazi uDudu kwiiveki ezimbalwa ezilandelayo. UThenjiwe ubukela umama, elinganisa, etshintsha-tshintsha iindidi ngeendidi zezihlangu. Umama ingathi uthanda ezi zigolide ngombala izihlangu. Umana ebuyela kuzo, ezilinganisa, azibuke esipilini, azicofa-cofe, ahle, enyuka, adanise, abuye azibuke esipilini.

'Ndiyazithanda ezi zihlangu. Ziyandifanela, nam ndiyafaneleka kuzo. Ndiqinisekile ndiza kuzithengela zona ezi izihlangu,' utsho umama.

UThenjiwe uyazithanda naye ezi zihlangu zithandwa ngumama. Uzithathela naye ezakhe ezifanayo nazo, kodwa ezakhe izihlangu, umbala wazo upinki.



UThenjiwe ubukela utata, elinganisa amehlo elanga. Utata udinga amehlo elanga amatsha, kuba wawophula amehlo elanga akhe amadala. Wahlala phezu kwawo engaqondanga, akroboka! Utata uthanda la angathi sisipili amehlo elanga. Uyawalinganisa, abe sele ezibuka ngokuzimisela, ezijonge esipilini.

'Ndiyaziva kula amehlo elanga. Ndiqinisekile ndiza kuzithengela wona la amehlo elanga,' utsho utata.

UThenjiwe uyawathanda naye la mehlo elanga, athandwa ngutata. Uzithathela naye awakhe, afanayo nawo, kodwa awakhe amehlo elanga, umbala wawo upinki.



UThenjiwe ufumana umakhulu, elinganisa iminqwazi. Umakhulu udinga umnqwazi omtsha, omhle, aza kuwunxiba ecaweni. UThenjiwe ubukela umakhulu, elinganisa iminqwazi esixhenxe, eyahlukeneyo neyimibala ngemibala. Owona awuthandayo umnqwazi umakhulu, ngulo umbala uorenji. Eyona nto ayithandayo ngawo lolwa siba luvele kuhle luncanyathiselweyo apha emnqwazini. Umakhulu uma athi qwa intloko, abe sele ezibuka esipilini.

'Lo mnqwazi, undenza ndibe ngathi ndiyikumkanikazi. Ndiqinisekile ndiza kuzithengela wona lo mnqwazi,' utsho umakhulu.

UThenjiwe uyawuthanda naye lo mnqwazi uthandwa ngumakhulu. Uyazithathela naye owakhe, ofanayo nawo, kodwa owakhe umnqwazi, umbala wawo upinki.



UThenjiwe ubona utatomkhulu elinganisa izikhafu. Utatomkhulu ufuna ukuzithengela isikhafu esitsha, ukulungiselela ubusika. Ziindidi ngeendidi nemibala ngemibala izikhafu ezifumaneka nangakhetha kuzo kule venkile. Utatomkhulu uthanda esi sinemigca emdaka namhlophe isikhafu. Uyasibhijela abe sele ezibuka ngokuzimisela ezijonge esipilini.

‘Esi sikhafu sithambile kwaye sifudumele. Ndiqinisekile ndiza kuzithengela sona esi sikhafu,’ utsho utatomkhulu.

UThenjiwe uyasithanda naye esi sikhafu sithandwa ngutatomkhulu. Uzithathela naye esakhe esifanayo naso, kodwa, umbala waso upinki.



UThenjiwe ufumana usisi wakhe ongudade wabo omdala. Usisi uzithanda gqitha iimpahla zodidi. Uxakekile, uzikhangelela iikawusi ezinde. Zonke izihlobo zakhe zinxiba iikawusi ezinde neelokhwe ezimfutshane kule mihla. Ulinganisa iikawusi ezimbalwa, ukhetha kwezi zinemigca emibala-bala. Uzibuka esipilini, ezimisele oku kwala manenekazi abonisa ngempahla.

'Ezi zezi zala maxesha iikawusi. Ndiyakholwa zizo. Ndiqinisekile ndiza kuzithengela zona ezi kawusi,' utsho usisi.

UThenjiwe naye uyazithanda ezi kawusi zithandwa ngusisi. Uzithathela ezakhe ezifanayo nazo, kodwa, umbala wazo upinki.



UThenjiwe ubona ubhuti, elinganisa iihempe. Ubhuti udinga ihempe entsha aza kuyinxiba kwikonsathi yeekwayala. Ubhuti uyayithanda le hempe iluhlaza, inamaqhosha. Uma kakuhle, azibuke ngokuzimisela, ezijonge esipilini, kanye njengeliya lona inene!

'Intle le hempe, yaye iyandifanela. Ndiqinisekile ndiza kuzithengela yona,' utsho ubhuti.

UThenjiwe naye uyayithanda le hempe ithandwa ngubhuti. Uzithathela eyakhe efanayo nayo, kodwa, umbala wayo upinki.



Ekugqibeleni, wonke umntu kusapho lwakwaFilo uyifumene impahla ebeyidinga evenkileni. Umama unezihlangu ezitsha, utata unamehlo elanga amatsha. Umakhulu unomnqwazi omtsha, utatomkhulu unesikhafu esitsha. Usisi uneekawusi ezintsha, nobhuti unehempe entsha.

'UThenjiwe omncinci yena, torho nguye kuphela ongafumananga nto tu namhlanje,' utsho umama.

'Ndifumene nam nje! Nazi ezam iimpahla!' atsho uThenjiwe, ekhwaza, etsalela wonke umdla wosapho kuye.

UThenjiwe, unxibe, wazaleka ngazo zonke iimpahla ezifana nezo zithengwe lusapho. Ezakhe azikhethileyo, zonke zingumbala omnye, opinki!

'Thenjiwe, ingathi uyinto etyiwayo emnandi! Ubukeka kanye njengeayiskrim!' watsho, ehleka usisi wakhe.

'Yingcinga emnandi ke leyo yeayiskrim! Sakugqiba apha, masisesisiya kufumana iayiskrim,' watsho utata.

Lwalupholile usapho lwakwaFilo, ingulowo nalowo elenca iayiskrim yakhe.



# UThenjiwe uthenga impahla

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Mangaphi amalungu osapho lwakwaFilo aye kuthenga impahla? Ngangobani?
2. Matanisa isivakalisi ngasinye nesiphelo esichanekileyo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| a) | Umama udinga izihlangu ezitsha ukunxiba | ☐ | ecaweni. |
| b) | Umakhulu udinga umnqwazi omtsha ukunxiba | ☐ | ekonsathini yeekwayala. |
| c) | Ubhuti udinga ihempe entsha ukunxiba | ☐ | emtshatweni. |

3. Ingaba kutheni utata edinga amehlo elanga amatsha?
4. Umakhulu uthathe __________________.
   a) umnqwazi o-orenji onosiba oluluhlaza
   b) umnqwazi omibala-bala
   c) umnqwazi oluhlaza onosiba oluorenji
   d) umnqwazi ongenalusiba
5. Uthenga ntoni utatomkhulu? Uthatha esinjani?
6. Phawula ngolu hlobo (X) ecaleni kwezivakalisi ezingeyonyani, uze uphawule ngolu hlobo (✓) ecaleni kwezivakalisi eziyinyani.

| | | |
|---|---|---|
| a) | Usisi ufuna ukunxiba iikawusi ezimfutshane neelokhwe ezinde. | |
| b) | Ubhuti udinga ijezi entsha. | |
| c) | Wonke umntu uzibuka esipilini. | |
| d) | Bakugqiba ukuthenga, usapho lonke lufumana iayiskrim. | |

7. Leliphi elona bala lithandwa nguThenjiwe? Kutheni ucinga njalo?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 79**

**Tshintsha isivakalisi ngasinye sibe ngumbuzo. Qala ngegama elibiyelweyo.**

1. Usapho lusevenkileni yeempahla. (Luphi …)
2. UThenjiwe ubukeka njengeayiskrim epinki. (Ngubani …)
3. Wonke umntu uzibuka ukuba ukhangeleka kanjani esipilini. (Kutheni …)


## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 86, 89**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 4, 8, 28, 108, 111**

**Bhala ibali elifutshane ngemini owawuye kuthenga impahla ngayo kwincwadana yakho yosuku. Wawuye kuthengelwa ngubani? Naniye kuthenga phi? Wathenga ntoni? Khumbula ukubhala umhla.**

# Isuphu yelitye

*Intsomi entsingiselo iseYurophu*




PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo
babeswele, wangcamla, chatha, wanqunqa, umnyazi, edlelweni, isongo, ebhuqwa yindlala, iluncuthu, ezigqame, waphemba, berhabula

Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo
enkqonkqoza, bengamahlwempu, ingqengqe, yingcinga, ekrelekrele, engqondweni, wagcwalisa, oqhwalelayo, iibhokhwe, bengangxamanga


Ngenye imini kudala, kwakukho umhambi owayelambe kunene. Wayengenakutya tu kwaphela, engenayo nendlela awayengenza ngayo ukuncedakala afumane ukutya. Wafika lalini ithile, wahamba, enkqonkqoza, engena emizini, ecela amalizo. Abahlali belali nabo babengenako ukutya. Babeswele, bengamahlwempu, bengathathi ntweni. Umhambi waphelelwa lithemba, wemka ke, ebhuqwa yindlala engazi ukuba uza kuthini na.

Akuphumela, edlula elalini leyo, umhambi wabona umthi omkhulu, wakhe wahlala phantsi komthunzi wawo, wacinga. Esahleli phantsi komthunzi lowo, wabona imbiza enkulu emnyama, ingqengqe apho engceni kude kufutshane. Akubona le mbiza, wafikelwa yingcinga umhambi. Wayeyindoda ekrelekrele, icebo laliselizakhile engqondweni yakhe.



Waqala, waqokelela iinkuni umhambi, waphemba umlilo, wabasa. Wakha amanzi emlanjeni owawukufuphi, wagcwalisa imbiza ngawo, wabeka imbiza emlilweni. Esalindile ukuba amanzi abile, wahamba, efuna amatye amakhulu agudileyo. Wawahlamba amatye, acoceka, wawafaka embizeni enamanzi, wapheka.

Kungekudala, wabonakala umphunga unyuka, uphuma embizeni ebilayo.



Mfazana uthile nowayebeleke usana wathi gqi ehamba, esondela esiza ngendlela. Akubona umphunga weza kuqonda, efuna ukwazi okuphekwa ngumhambi.

Umhambi wavula imbiza, wazamisa, wangcamla, waphendula wathi, ‘Ndipheka isuphu yelitye emnandi. Ndingathanda ukwabelana ngayo nawe, yakulunga. Nto nje, idinga endingakuthi chatha ukuyinika isongo.’

‘Ndinayo iminqathe ongayigalela,’ watsho umfazana emnika iminqathe, enomdla, engxamele ukungcamla isuphu leyo.

Umhambi wanqunqa iminqathe, wabe sele egalela embizeni ebilayo, walinda.



Kwaba mzuzwana, kwathi gqi makhulu uthile oqhwalelayo ehamba, esondela esiza ngendlela. Umakhulu wabona umphunga naye, weza kuqonda, efuna ukwazi okuphekwa ngumhambi.

Umhambi wavula imbiza wazamisa, wangcamla, waphendula wathi, 'Ndipheka isuphu yelitye emnandi. Ndingathanda ukwabelana ngayo nawe yakulunga. Nto nje, idinga endingakuthi chatha ukuyinika isongo.'

'Ndinalo itswele ongaligalela,' watsho umakhulu emnika itswele, enomdla engxamele ukungcamla isuphu leyo.

Umhambi wanqunqa itswele wabe sele egalela embizeni ebilayo, walinda.




Kwakungekudala emva koko, kwavela intombazana ihamba itsiba-tsiba idlala, isondela isiza ngendlela. Intombazana yabona umlilo yabona nomphunga uphuma embizeni, yeza kuqonda ifuna ukwazi okuphekwa ngumhambi.

Umhambi wavula imbiza wazamisa, wangcamla, waphendula wathi, ‘Ndipheka isuphu yelitye emnandi. Ndingathanda ukwabelana ngayo nawe yakulunga. Nto nje, idinga endingakuthi chatha ukuyinika isongo.’

‘Ndinazo iitapile kulo mnyazi wam. Ina, thatha, fumana,’ yatsho intombazana, imnika iitapile, inomdla ingxamele ukungcamla isuphu.

Umhambi wachuba iitapile, wazisika zaba ngamaceba, wabe sele egalela embizeni ebilayo, walinda.



Kusenjalo, kwavela umalusi, eqhuba iibhokhwe zakhe evela edlelweni, esondela, esiza ngendlela. Umalusi wayebona bonke aba bantu, ebona nomphunga uphuma embizeni. Naye weza kuqonda, efuna ukwazi okuphekwa ngumhambi.

Umhambi wavula imbiza, wazamisa, wangcamla, waphendula wathi, 'Ndipheka isuphu yelitye emnandi. Ndingathanda ukwabelana ngayo nawe, yakulunga. Nto nje, idinga endingakuthi chatha ukuyinika isongo.'

'Ndinayo inyama ongayifumana. Ndinayo netyuwa,' watsho umalusi, enika umhambi inyama ngomdla engxamele ukungcamla isuphu.

Umhambi wagalela inyama, wabe umalusi sele esithi sa sa ityuwa embizeni leyo yesuphu.



Umhambi wazamisa loo mbiza yamanzi neyayisele iyimbiza yesuphu emnandi. Wazamisa okwexeshana, iluncuthu lodwa iphunga elaliphuma kuloo mbiza.

Ekugqibeleni umhambi wathi, 'Ivuthiwe ngoku isuphu yam yelitye.'

Wayophula imbiza, waphaka, ebabela bonke abo bantu babemncedile ukuyenza.

'Mmmm! Ukuba mnandi kwayo. Besingazi ukuba ungapheka isuphu emnandi kangaka ngamatye!' babemana berhabula bengangxamanga, bencokola benambitha.

Wayezele luncumo umhambi ethe cwaka, naye emana erhabula engangxamanga, enambitha.

*Ingaba ngenene iyenziwa isuphu ngamatye?*
*Yintoni eyenza isuphu leyo ibe nesongo?*



Le ntsomi isifundisa okokuba abantu banganeziphumo ezigqame nangaphezulu, xa nganjongo nye efanayo bencedisana, besebenzisana.

# Isuphu yelitye

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Kwakutheni abahlali belali bangamphi ukutya umhambi?
2. Wafumana ntoni ingqengqe engceni umhambi?
3. Lalisithini icebo lomhambi elikrelekrele?
4. Wamnika ntoni umhambi umakhulu?
5. Ngubani owanika umhambi inyama netyuwa?
6. Phawula ngolu hlobo (**N**) izivakalisi eziyinyani, uphawule ngolu hlobo izivakalisi ezingeyonyani (**A**).

| | |
|---|---|
| a) Abahlali babefuna ukungcamla isuphu yelitye yomhambi. | |
| b) Abahlali abazange baqonde ukuba isuphu yenziwe ngezithako ababeze nazo. | |
| c) Umhambi wayengafuni ukwaba isuphu yakhe. | |
| d) Ekugqibeleni isuphu yenziwa ngamatye namanzi. | |

7. Phawula ngenani isi-1 ukuya kwisi-4 izivakalisi ngokulandelelana kwazo ebalini.

| | |
|---|---|
| a) Umhambi walingisa wenza isuphu esebenzisa amatye namanzi. | |
| b) Wonke umntu wayifumana isuphu emnandi. | |
| c) Umhambi wayelambe kakhulu kodwa kwakungekho ukutya. | |
| d) Abahlali banika umhambi izithako awayezidinga ukwenza isuphu eyiyiyo. | |

8. Umhambi wayencumile ekugqibeleni kuba __________.
   a) abahlali babekholelwa ukuba isuphu uyenze ngamatye
   b) wayevuyele ukuba nento yokutya
   c) wayevuyele ukwazi ukunceda abahlali
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 21**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa- DBE: **Iphepha 12, 73**

**Bhala kwakhona ezi zivakalisi usebenzisa iziphumlisi ezichanekileyo. Isivakalisi isenokuba ngumbuzo, yingxelo, ngumyalelo okanye isikhuzo.**

1. Ie suphu imnandi kakhulu ________
2. ndiphe itswele ________
3. upheka ntoni ________
4. umhambi wayeyindoda ekrelekrele ________

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 26, 29**

**Zininzi iindidi zeesuphu, umzekelo: isuphu yenyama yenkukhu, isuphu yenyama yenkomo, isuphu yemifuno, isuphu yetumato, isuphu yethanga, isuphu yeembotyi, isuphu yee-ertyisi, isuphu yetswele, isuphu yamakhowa, njalo njalo. Bhala iresiphi yesuphu oyithandayo.**

# Mamela ingoma



**PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI**

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**

qho, nyanzeleka, ngumhlambi, ethontsiza, ibhubhuzela, iqonga, intswahla

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**

ezikrwempanayo, isiginkci, kuyaqhwatywa, kuyakhwazwa, baziqhelanise, ungummelwane, ikwayindawo, ngummangaliso

Kusele iveki nje inye sibe nekonsathi yomculo esikolweni. Abantwana beqela lomculo, kufuneka baziqhelanise nokudlala izixhobo zabo zomculo yonke imihla ukulungiselela ikonsathi. Kufuneka bedlale kamnandi ngeyona yona ndlela neya kubonwabisa abaphulaphuli.

URavi udlala ifleyiti kweli qela lomculo. Qho emva kwemini uziqhelisa ukudlala egumbini lokuphekela, xa umama wakhe elungiselela isidlo sangokuhlwa. Umama kaRavi uyamthanda uRavi, kodwa akakuthandi oku kuziqhelisa ukudlala kukaRavi le fleyiti yakhe!

'Owu, hayi le ngxolo!' uyacinga umama kaRavi. 'Lo mculo wale fleyiti yakhe ingathi yintaka enomqala obuhlungu, izama ukucula. Ukuba nje angakhe ayeke ukukhalisa!'


URavi yena uyaqhubeka akayeki, ukhalisa ifleyiti yakhe.



UFikile udlala ifidyoli kweli qela lomculo. Qho emva kwemini uziqhelisa ukudlala ngaphandle egadini. Umnumzana uDube ungummelwane kaFikile kwaye uyakuthanda ukusebenza egadini ixesha elininzi ngakumbi emva kwemini. Yonke le mihla ke uyanyanzeleka ukuba amamele uFikile, edlala eziqhelanisa. Umnumzana uDube uyamthanda uFikile, kodwa akakuthandi oku kuziqhelisa ukudlala kukaFikile le fidyoli yakhe!

'Owu, le ngxolo ayenzayo!' uyacinga umnumzana uDube. 'Lo mculo wale fidyoli yakhe ingathi ziikati ezimbini ezikrwempanayo. Ukuba nje angakhe ayeke ukukhalisa!'

UFikile yena uyaqhubeka akayeki, ukhalisa ifidyoli yakhe.






UMara noKarabo babetha amagubu kweli qela lomculo. Qho emva kwemini baziqhelisa ukubetha amagubu abo egumbini lokuphumla. Ubhuti kaMara uthanda ukubukela umabonakude egumbini lokuphumla, kodwa akeva nento le ethethwa kumabonakude ngala magubu. Ubhuti kaMara uyamthanda uMara. Uyamthanda ngokunjalo noKarabo, kodwa akakuthandi oku kuziqhelisa ukudlala kukaMara noKarabo bebetha la magubu abo!

'Owu, hayi le ngxolo!' uyacinga ubhuti kaMara. 'Isandi sala magubu ingathi ngumhlambi lo weenyathi ezothukileyo zibaleka. Ukuba nje bangakhe bayeke ukubetha!'

UMara noKarabo bona, bayaqhubeka abayeki, babetha amagubu abo.




U-Aaron udlala imarimba kweli qela lomculo. Qho emva kwemini uziqhelisa ukudlala ngaphandle egumbini lokuphumla elivulekileyo, iveranda. Utata ka-Aaron uyathanda ukuhlala afunde iphepha-ndaba lemini kweli gumbi. Akululanga ke kodwa kuye ukufunda ngeli xesha u-Aaron adlalayo. Utata ka-Aaron uyamthanda u-Aaron, kodwa akakuthandi oku kuziqhelisa ukudlala kuka-Aaron le marimba yakhe.

'Owu, le ngxolo ayenzayo!' uyacinga utata ka-Aaron. 'Isandi sayo siyathukuthezela, ingathi ngamanzi la, ethontsiza, evuza empompini. Ukuba nje angakhe ayeke ukudlala!'


U-Aaron yena uyaqhubeka akayeki, udlala imarimba yakhe.




UPamela ukhalisa ixilongo kweli qela lomculo. Qho emva kwemini uziqhelisa ukulikhalisa egumbini lakhe lokulala. Yonke imihla ngalo eli xesha, udade wabo omncinci uyaphumla alale. Esi sandi sexilongo senziwa nguPamela simvusa elele. Udade wabo omncinci uyamthanda uPamela kodwa akakuthandi oku kuziqhelisa ukukhalisa kukaPamela eli xilongo lakhe.

'Owu, hayi le ngxolo!' uyacinga udade wabo omncinci. 'Utheni na uPamela, uzama ukuvuthela ivuvuzela eyophukileyo? Ukuba nje angakhe ayeke ukuyikhalisa!'

UPamela yena, uyaqhubeka akayeki, ukhalisa ivuvuzela yakhe.




UMuzi ubetha isiginkci sombane kweli qela lomculo. Qho emva kwemini uziqhelisa ukudlala egaraji. Igaraji ikwayindawo yokutyela inja kaMuzi. Inja iyammamela uMuzi edlala. Inja iyamthanda uMuzi, kodwa ayikuthandi oku kuziqhelisa ukudlala kukaMuzi isiginkci sakhe.

'Owu, le ngxolo ayenzayo!' iyacinga inja kaMuzi. 'Isandi sesigingci ingathi yingcongconi le ibhubhuzela endlebeni yayo. Ukuba nje angakhe ayeke ukusibetha ngoku!'

UMuzi yena, uyaqhubeka akayeki, ukhalisa isiginkci sakhe.

Ekugqibeleni ide yafika imini yekonsathi. Okuya kuziqhelanisa ukudlala izixhobo zokuvuma kufikelele esiphelweni!

Abantwana bakhwele eqongeni, balinde belungele ukuqala. Iintsapho nezihlobo zize kubukela. Izihlobo aziqinisekanga nokuba iyakuba sisandi esinjani na esiza kwenziwa leli qela lomculo…

Iqela liqala ukudlala. URavi udlala ifleyiti yakhe. UFikile udlala ifidyoli yakhe. UMara noKarabo babetha amagubu abo. U-Aaron udlala imarimba yakhe. UPamela ukhalisa ixilongo lakhe aze yena uMuzi abethe isiginkci sakhe.

Yasuka yaba ngummangaliso! Latsho ngomyoli umculo iqela! Asiyongxolo le. Ngumculo wenene!

Kuyintswahla, yimilozi, kuyaqhwatywa, kuyakhwazwa ngabaphulaphuli.

'Ningayeki! Phindani! Qhubekani! Singanimamela imini nobusuku! Asifuni niyeke! Ukuba mnandi kwalo mculo, ingathi ningadlala oko!'



Abantwana bayaqhubeka, bayabetha, bayakhalisa, bayadlala, batsho ngomculo omyoli!

# Mamela ingoma

## A. Uvavanyo ukuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Kwakutheni abafundi baze baziqhelanise nokudlala izixhobo zomculo?
2. Emfanekisweni ngamnye, ingcinga esengqondweni isixelela ______________.
   a) into eththwa ngumntu
   b) into ecingwa ngumntu
   c) into ebhalwa ngumntu
3. UmntakwaboMara wayebafanisa nantoni uMara noKarabo?
4. Utata ka-Aaron wayezama ukwenzani ngeli xesha uAaron eziqhelanisa ukudlala imarimba?
5. Ngubani owayedinga umbane ukuze akwazi ukuziqhelanisa nokudlala? Wayewudinga njani umbane?
6. Sesiphi isixhobo ocinga ukuba sasisenza eyona ngxolo? Kutheni ucinga ngolu hlobo?
7. Yintoni eyaba ngummangaliso ekupheleni kwebali?
   a) Iqela lomculo labalasela.
   b) Abafundi badlala kakuhle kakhulu.
   c) Umculo wawumyoli, wawungeyongxolo.
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 41, 46, 75, 112**

**Sebenzisa u-'no' ukudibanisa izivakalisi ezibini wenze isivakalisi esinye.**

1. Umama kaPamela akayithandi ingxolo eyenziwa lixilongo. Udade boPamela omncinci akayithandi ingxolo eyenziwa lixilongo.
2. UMara udlala amagubu. UKarabo udlala amagubu.


## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 11, 28**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 71, 79**

**Gqibezela uluhlu ngezantsi ngokufakelela iinkcukacha ezingekhoyo.**

| Igama lomntu | Isixhobo awayesidlala | Indawo | Fanisa ne |
|---|---|---|---|
| Ravi | ifleyiti | egumbini lokuphekela | intaka enomqala obuhlungu izama ukucula |
| Fikile | ifidyoli | | |
| | | egumbini lokuphumla | umhlambi weenyathi ezothukileyo zibaleka |
| Aaron | | | amanzi ethontsiza evuza empompini |
| Pamela | | egumbini lokulala | |
| | isiginkci sombane | egaraji | |

# Kuhlala bani apha?



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
ookhwali-manzi, oohlaba-manzi, banqakula, intlango, iqokobhe, amagala, onomadudwane, iinyamakazi iinkukhama, amahobo-hobo, yonxano, liyinxenye, incanda, amaphuthu, amalovane, ogolomi abaluhlaza, iingxangxasi

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
ookhwali-manzi, iingxangxasi




Kukho amanzi kule ndawo. Uyawabona? Lidami eli.

Likhaya likabani eli? Kuhlala bani apha?

Amehlo, iindlebe, umlomo, umsila.


Ubona izilwanyana ezingaphi kule ndawo?

Iimvubu neengwenya zihlala kweli dami. Ookhwali-manzi abamilenze mide banqakula iintlanzi apha kweli dami. Amasele noohlaba-manzi bahlala kwalapha nabo. Zizonke ezi zilwanyana zidinga amanzi ukuze ziphile. Idami likhaya lazo.



Iinkcukacha

1. Zonke izilwanyana kulo mfanekiso zihlala kwiziko lezilwanyana iKruger National Park.
2. Iziko iKruger National Park ifumaneka kumaphondo iLimpopo neMpumalanga.
3. Iziko iKruger National Park lelona ziko lezilwanyana likhulu eAfrika.




Uyayibona isanti kule ndawo? Yintlango le.

Likhaya likabani eli? Kuhlala bani apha?

Amehlo, iindlebe, iimpondo, iqokobhe, umsila.

Ubona izilwanyana ezingaphi kule ndawo?

Amagala nonomadudwane bahlala apha entlango. Iingonyama zileqa iinyamakazi, iinkukhama ezihlala apha entlango. Amafudo namahobo-hobo ahlala apha nawo. Entlango kushushu kakhulu, kodwa komile, kwikhaya lezilwanyana.



Iinkcukacha

1. Zonke izilwanyana kulo mfanekiso zihlala kwiziko lezilwanyana, iKalahari-Gemsbok National Park.
2. Iziko iKalahari-Gemsbok National Park ifumaneka kwiphondo iNorthern Cape.
3. Iziko liyinxenye yeziko iKgalagadi Transfrontier Park ekummandla welizwe iBotswana.
4. Igama elithi 'Kgalagadi' lithetha 'indawo yonxano' ngolwimi iSetswana.



Uyayibona imithi? Le ndawo lihlathi.

Likhaya likabani eli? Ngubani ohlala apha?

Amehlo, iindlebe, iimpondo, umlomo, imisila.

Ubona izilwanyana ezingaphi kule ndawo?

Iinkawu neencanda zihlala apha kweli hlathi.
Amahlosi aleqa amaphuthu ahlala kweli hlathi.
Amalovane noogolomi abaluhlaza nabo bahlala apha.
Ihlathi likhaya lazo ezi zilwanyana.




<u>Iinkcukacha</u>

1. Zonke izilwanyana kulo mfanekiso zihlala kwiziko iTsitsikama National Park.
2. Iziko iTsitsikama National Park ifumaneka kumaphondo iWestern Cape ne-Eastern Cape.
3. Iziko linamahlathi, iingxangxasi nemilambo. Iziko likwakufutshane nolwandle.

Le yimaphu yoMzantsi Afrika. Zonke izilwanyana ekubaliswa ngazo kule ncwadi zihlala kwiindawo ezahlukeneyo ezilapha eMzantsi Afrika. Ingaba uyazibona ezi ndawo kule maphu?

UMzantsi Afrika likhaya lazo ezi zilwanyana. Zabelana ngeli khaya lazo nathi.



# Kuhlala bani apha?

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Ingaba zizimela phi iimvubu neengwenya?
2. Yelelisa indawo nento oyifumana kuloo ndawo.

| | | | |
|---|---|---|---|
| a) | intlango | ☐ | amanzi |
| b) | idami | ☐ | imithi |
| c) | ihlathi | ☐ | isanti |

3. Batya ntoni ookhwalimanzi?
4. Sesiphi isilwanyana esihlala entlango nesihlaba ngolwamvila?
5. Phawula isivakalisi ukuba siyinyani (N) okanye asiyonyani (A).

| | | |
|---|---|---|
| a) | Intlango yindawo eshushu eyomileyo. | |
| b) | Iingonyama zihlala edamini. | |
| c) | IKruger National Park iseMpumakoloni. | |
| d) | Amahlosi ahlala ehlathini. | |

6. Sesiphi isilwanyana esihlala ehlathini esikwaziyo ukutshintsha ibala laso?
7. Izilwanyana ofunde ngazo ______________.
   a) zonke zihlala kumaziko ezilwanyana
   b) zonke zihlala eMzantsi Afrika
   c) zonke zizilwanyana zasendle
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.

8. Qwalasela imaphu yoMzantsi Afrika kwiphepha lama-38. Fumana amaziko ezilwanyana. Ngobani abahlali abathathe eyona ndawo inkulu ngokwalemaphu yoMzantsi Afrika – ingaba ngabantu okanye izilwanyana zasendle? Ucinga ukuba bekuya kwenzeka ntoni ukuba bekungekho amaziko ezilwanyana?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 92**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 75, 112**

**Hlanganisa izivakalisi usebenzisa igama u-'kodwa'.**

1. Iimvubu zihlala edamini. Oonomadudwane bona bahlala entlango.
2. Iinkawu zihlala ehlathini. Iingwenya zona zihlala edamini.
3. Iinkukhama zihlala entlango. Amahobo-hobo wona ahlala ehlathini.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 94**

**Khetha nokuba sesiphina isilwanyana osithandayo ebalini. Bhala iinkcukacha nokuba zintandathu ngesilwanyana osikhethileyo, umzekelo: apho sihlala khona, ukutya kwaso, mingaphi imilenze yaso, ubungozi bayo, nazo naziphina ezinye iinkcukacha ezinomdla ngesilwanyana. Zoba umfanekiso wesilwanyana osikhethileyo.**

# Yhini, Mnumzana Nkawu!



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI


**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
uhombile, ooni nooni, iphunga, siyaxuxuzela, uyadumzela, etyedile, krwaqu, makazincede, ungumpatsiya, ezibhenca-bhenca, ayemka nomsinga, bachithe ixesha, ukhangeleka

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
namenywe, nomnqwazi, unkqonkqoza, ngokunganqandekiyo, alungiselelwe, krwaqu

UNkosazana Nkawu uyamthanda kakhulu ummelwane wakhe onguMnumzana Nkawu. Ngenye imini unkosazana umema umnumzana ukuba bachithe ixesha bephunga iti bobabini.

Unkosazana ubhaka isonka esimnandi. Usisika sibe ngamaqhekeza, asibeke efestileni ukuze siphole. Ulungisa namaqhekezana esonka samasi awabeke ecaleni kwesonka sombhako.

Unkosazana uyahamba ukuya kuzilungisa ukuze abukeke abe mhle kuba ufuna uMnumzana Nkawu amthande.



UMnumzana Nkawu uyafika kwankosazana kanye ngexesha elibekiweyo namenywe ukuba aze afike ngalo. Uhombile mhle, uyabukeka kule suti yakhe ehambelana nomnqwazi. Uphethe iintyatyambo ezintle azithengele uNkosazana Nkawu. Ukhangeleka elinene ngenene umnumzana!



Umnumzana akatyanga ngayo le ntsasa. Isisu sakhe usilungiselele elo xesha limnandi aza kulichitha noNkosazana Nkawu besitya ooni nooni. Kodwa seleqala ukulamba, isisu sakhe siyakhala, siyaxuxuzela!

Umnumzana unkqonkqoza emnyango kwaNkosazana Nkawu.



'Ndidinga nje imizuzwana embalwa mnumzana. Ndisalungisa, kodwa ke andizi kuthatha thuba lide ndibe kunye nawe,' uyasabela unkosazana.

'Sitya nini?' uyabuza uMnumzana Nkawu, ethembile, elinde ngaphandle komnyango.


UNkosazana Nkawu akaphenduli. Uxakekile kakhulu, uyazilungisa, uziqaba umlomo ukuze abukeke abe mhle, umnumzana amthande.

UMnumzana Nkawu uthula umnqwazi alinde ngaphandle esitulweni. Emva kwexeshana nje, kudlula iphunga lesonka sombhako esinuka kamnandi. Unambitha iphunga umnumzana. Limnandi ngeyona ndlela, isisu sikhalaza ngamandla, siyakhala, siyaxuxuzela. Uziva elambe kakhulu! Kufuneka nakanjani efumene into etyiwayo!

Kusenjalo, umnumzana ubona naso isonka nesonka samasi sibekwe efestileni.

'Andinakulinda!' ethetha yedwa, uthatha kuloo maqhekeza esonka esibhakwe nguNkosazana Nkawu. Uthatha neqhekezana lesonka samasi.

'Mmm, mmm, mmm,' uyadumzela unambitha isonka nesonka samasi, umnumzana.



UMnumzana Nkawu uyaqhubeka ukuzinceda ngesonka nesonka samasi sikaNkosazana Nkawu. Naye uNkosazana Nkawu akade agqibe ukuzilungisa. Uziqaba ubuso uyabuhombisa ngocoselelo. Umana ezibuka esipilini ezibhenca-bhenca. Ufuna ukuba mhle ngeyona ndlela imangalisayo!



'Sitya nini?' uMnumzana Nkawu uyabuza kwakhona, esalinde njalo apho ngaphandle.

UNkosazana Nkawu akagqibi, usaxakekile uyazilungisa.

UMnumzana Nkawu usalambile. Uthi nje akunukisa esi sonka sombhako, isisu sakhe sikhale ngamandla, sixuxuzele ngokunganqandekiyo. Ufuna ukutya! Akanakulinda! Ukunciphisa indlala umnumzana, uyabona ukuba makazincede kwakhona ngelinye iqhekeza lesonka neqhekezana lesonka samasi.



UNkosazana Nkawu uyalibazisa. Usaxakekile usazilungisa. Uzihombisa ngamatye akhe anqabileyo. Ulungisa iinwele zakhe. Uyaziqhola nokuziqhola. Umana evuthulula, ezibhenca-bhenca.

Yena uMnumzana Nkawu, olinde ngaphandle, uyaqhubeka, uzityela isonka sombhako nesonka samasi alungiselelwe zona nguNkosazana Nkawu.



Ekugqibeleni, wade wagqiba unkosazana.

Evela, evula ucango, emhle encumile, uyabulisa unkosazana, 'Wamkelekile Mnumzana Nkawu. Nceda ngena ngaphakathi. Mna nawe, siza kutya isonka esimnandi endikubhakele sona nesonka samasi.'

'Hayi, nkosazana! Andiqondi ukuba kukho nto ingenye iya kulunga kwesi sisu sam. Indlela le endihluthi ngayo!' watsho, ephendula uMnumzana Nkawu, etyedile, engakwazi nokuhlala kakuhle.

UNkosazana Nkawu wathi krwaqu izitya, kuphele kwanto. Wathi krwaqu uMnumzana Nkawu, umnumzana, uhluthi ungumpatsiya. Ayizange imonwabise kwaphela yonke loo nto wayeyibona unkosazana. Onke amalungiselelo akhe ayemke nomsinga!

'Mnumzana Nkawu uyarhala, awunaso nesimilo! Usitye sonke isonka sam sombhako nesonka samasi. Andisoze ndibuye ndikumeme kwam kwakhona!'

*Wena, ubungammema kwakhona?*



# Yhini, Mnumzana Nkawu!

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Walungisa ntoni uNkosazana Nkawu ukwamkela uMnumzana Nkawu?
2. UNkosazana Nkawu wabeka isonka efestileni __________.
   a) ukuze uMnumzana Nkawu afikelele kuso
   b) ukuze uMnumzana Nkawu asinukise
   c) ukuze siphole
3. Wenza ntoni uMnumzana Nkawu ukuze athandeke kuNkosazana Nkawu? *(Tyhila iphepha lama-203 ukukunceda.)*
4. Yintoni le eyayimlibazisa kangaka uNkosazana Nkawu?
5. Umnumzana Nkawu waqala wasitya isonka nesonka samasi kuba __________.
   a) sasimnukela kamnandi simrhalisa
   b) wayediniwe kukulinda uNkosazana Nkawu
   c) wayelambile
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.
6. Wenza ntoni uNkosazana Nkawu ukuzenza mhle?
7. Ucinga ukuba uNkosazana Nkawu kwakufanelekile ukuba amqumbele uMnumzana Nkawu? Nika isizathu ukuxhasa impendulo yakho.

8. Phawula ngolu hlobo (X) izivakalisi ezingeyonyani uze uphawule ngolu hlobo (✓) izivakalisi eziyinyani.

| | | |
|---|---|---|
| a) | Iinkawu zinemisila emide. | |
| b) | Iinkawu ziyakwazi ukubhaka isonka. | |
| c) | Iinkawu zinezandla ezifanayo nezethu. | |
| d) | Iinkawu zinxiba impahla. | |

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 92.**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 41, 46, 75, 112**

**Dibanisa izivakalisi zibe sisivakalisi esinye.**

1. UNkosazana Nkawu usika isonka samasi.
   Ubeka isonka samasi esityeni.
2. UNkosazana Nkawu uzihombisa ngamatye anqabileyo.
   UNkosazana Nkawu uzilungisa iinwele.

**Sebenzisa igama u-'kodwa' ukudibanisa izivakalisi.**

3. UMnumzana Nkawu ufuna ukutya.
   UNkosazana Nkawu akakalungi.
4. UNkosazana Nkawu uqumbile.
   UMnumzana Nkawu yena uhluthi wonwabile.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha: 36, 38**
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 18, 86, 106, 109**

**Linganisa ngathi unguMnumzana Nkawu. Bhala ileta ucela uxolo kuNkosazana Nkawu.**

# Idabi lomoyu nelanga

*Enye yeentsomi zika-Aesop ezinemfundiso 'Umoya ovela eNtla nelanga'*



PHAMBI KOKUBA UFUNDE IBALI

**Qiniseka ukuba uyayazi intsingiselo yala magama alandelayo**
ndigqut he, ndibhudle, nesivundu-vundu, igexa, idedela, libengezela, yayityatha, lanqwala, yayigoqa, ndiyakuhlonipha, elulamileyo, ethozamileyo, gadalala

**Qiniseka ukuba ungakwazi ukufunda la magama alandelayo**
nditshabalalisa, wawuyityhiliza, yaqhaqhazela, kukutyhilizwa, ziqengqelekile, mayiwaqhoboshe, asenokubonakaliswa

Ngenye imini ebusika, umoya nelanga bayaphikisana.

‘Ndinamandla kunawe, Langa. Indlela endinamandla ngayo, ndingavuthuza, ndigqithe kuwe imithi emikhulu,’ waqala watsho umoya.

‘Hayi, musa ukuziqhatha. Ndim onamandla kunawe, Moya. Mna ndingabalela ndigqatse kutshe amahlathi,’ laphendula latsho ilanga.


‘Ke mna ndinguMoya, ndibhudle kube nesivundu-vundu, unabe wena mlilo, ugqibe ilizwe lonke, mna nditshabalalisa, kutshe nje yonke into endidibana nayo,’ waqhubeka, watsho umoya.



Baqhubeka, besenza loo nto ke ukuphikisana umoya nelanga. Besaphikisana njalo, kwavela indoda inxibe, yazaleka ngempahla yobusika. Yayombathe ijezi enkulu eyenziwe ngoboya, efudumeleyo.

'Masiyeke ukube sixoxa. Masibonakalise amandla. Siya kubona ke ngoko ukuba ngubani na onamandla ukudlula omnye! Oye wakwazi ukususa laa jezi emqolo walaa ndoda, uya kube uphumelele!' wakhokelisa, watsho umoya.

'Kulungile ukuba utsho. Qhuba ke, Moya, qala wena,' latsho ilanga.





Waqala umoya obandayo, wavuthuza. Wawuyityhiliza indoda, uyijikelezisa, uyijika-jika kungelula kuyo ukuhambela phambili. Yaqala indoda yaqhaqhazela, igodola, umoya uyixakekisa, umane uyitsalela calanye, ubuye uyitsalele macala onke. Yabambelela ejezini yayo, yayigoqa, yayisondeza yayincamathelisa esiqwini sayo, izama ukuzikhusela.

Umoya waye uvuthuza ngawona mandla, nendoda kwaye kusiba nzima kuyo ukuqhubekela phambili. Yayihamba igexa, ixhathisile, isabambelele njalo ejezini yayo, iyiqinisile. Kwakugqutha kakhulu ngolona hlobo, ilizwe lalifihlakele ngamagqabi emithi, uthuli nenkunkuma. Wona umnqwazi wendoda, wawuphaphatheke, waya kuwa kude lee, umana ubhabha ubuye uqengqeleke kukutyhilizwa ngumoya.




Izitulo nemigqomo yenkunkuma nazo zaziwile ziqengqelekile.

Wawuvuthuza ngamandla, ubhudla umoya. Yabona indoda, ukuba mayiwaqhoboshe onke amaqhosha ejezi, ibambelele kuyo, iyiqinise, ukuze ingahlukani nayo kweso sivundu-vundu somoya.

Wawudiniwe ngoku umoya uvuthuze ngokwaneleyo. Wayeka ukuvuthuza. Yayilithuba lelanga ukuba lizibonakalise amandla alo.

'Qhuba, Langa, zibonakalise,' watsho umoya.



Ilanga laqala lavela kancinci emva kwelifu, lakhazimla. Laye livela ngathi liyasondela, amafu elidedela, imitha isiya ifudumala. Iqabaka yayinyibilika, impepho ifudumala, indoda yayeka ukuqhaqhazela, imitha yelanga isitsho kamnandi kuyo.

Lalisiya libengezela ilanga liqhubeka lisiya liba shushu. Indoda yanyenyisa iqhina, yakhulula namaqhosha ejezi.



Laye ligqatsa ilanga nemitha isiya iba shushu, itshisa kanobom.

Indoda yayikhulula ijezi, yayityatha egxeni, yonwabela ubushushu belanga.

Ilanga nomoya bathula bathi cwaka okwexeshana. Bayibukela indoda isonga imikhono yehempe, ityathe ijezi yayo egxeni. Yachola umnqwazi wayo, yeva endleleni, iqhubeka nohambo lwayo, yaya kusithela.

'Ubutshilo, Langa. Undoyisile. Uphumelele. Eneneni unamandla angaphezu kwawam,' wavakala, usitsho umoya.

'Enkosi, Moya. Isenokuba ndiphumelele, kodwa, kunjalo, nam ndiyakuhlonipha. Nawe unawo amandla kakhulu,' laphendula, latsho ilanga.

Wemka umoya upholile, uzula-zula yonke indawo emhlabeni naphezu kolwandle. Lanqwala ilanga, liqhubeka nohambo lwalo olusuka empuma lusiya entshona esibhakabhakeni.



Ibali lisifundisa ukuba amandla asenokubonakaliswa ngendlela elulamileyo nethozamileyo. Ukunyanzelisa nokuba gadalala akuyiyo indlela elungileyo yokuwabonakalisa.

# Idabi lomoya nelanga

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE 53 **Iphepha 112**

## A. Uvavanyo lokuhlola ulwazi

**Sebenzisa izivakalisi ukuphendula imibuzo.**

1. Eli bali linge ________________.
   a) indoda ezihambela endleleni
   b) impikiswano phakathi komoya nelanga
   c) amandla amakhulu omoya
2. Kwakuleliphi ixesha lonyaka? Yintoni echaza oko?
3. Umoya nelanga babephikisana ngantoni?
4. Ophumeleleyo ukhuphiswano wayeza kube __________.
   a) woyikise indoda
   b) utyhilize indoda yaya kuwa
   c) ususe ijezi yendoda emqolo
   d) Zonke iimpendulo ezingentla.
5. Yintoni ekuchazela okokuba umoya wavuthuza ngamandla amakhulu kakhulu?
6. Yayithini ijezi indoda wakuvuthuza kakhulu umoya?
7. Phawula izivakalisi ngenani u-1 ukuya ku-4 ngokokulandelelana kwazo okuchanekileyo.

| | |
|---|---|
| a) Umoya wavuthuza indoda yabambelela ejezini yayo yayisondeza esiqwini sayo. | |
| b) Ngulowo nalowo waba nethuba lokuzama ukususa ijezi yendoda. | |
| c) Ilanga latshisa indoda yayikhulula ijezi. | |
| d) Ilanga nomoya baphikisana ngonamandla omnye ukudlula omnye. | |

8. Ngubani owaphumelelayo? Ibonisa ntoni loo nto?

## B. Ukusetyenziswa kolwimi

Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 27, 29**

**Khuphela ugqibezele izivakalisi ngokufakela isihlomelo esichanekileyo.**

| ngobunono | usiqinise | ngamandla | fudumeleyo | phantsi |
|---|---|---|---|---|

1. Kuyabanda namhlanje, kufuneka unxibe __________.
2. Thethela __________ xa usecaweni.
3. Imithi iyagoba xa umoya uvuthuza __________.
4. Intshontsho lekati kufuneka ulibambe __________.
5. Vala isiciko __________ ukuze ubisi lungachitheki.

## C. Ukubhala

Incwadi yomsebenzi yoku-1 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 89** (iziganeko eziphawulwe kwidayari)
Incwadi yomsebenzi yesi-2 yeBanga lesi-3 yakwa-DBE: **Iphepha 74** (imozulu)

**Zigcinele idayari yemozulu yeveki. Bhala usuku nomhla. Yonke imihla, bhala izivakalisi zibe zibini ngemozulu.**

| | |
|---|---|
| **Mgqibelo**<br>*Umhla:* | |
| **Cawe**<br>*Umhla:* | |
| **Mvulo**<br>*Umhla:* | |

njalo-njalo

## TO PARENTS / CAREGIVERS

**What is this book?**
This book is a collection of stories at the right level for your child's grade. The stories at the beginning of the book are easier to read than the stories at the end.

**Should I be using this book at home or is it only for school?**
Both – your child will read this book at school and you should read from it at home with them every day. The more children read, the better they get at reading. Help your child to look after the book and pack it back in their school bag after reading. Your child must take the book to school every day. At the end of the year, your child can keep the book.

**How should I help my child practise?**
Encourage your child to read aloud from this book to you or any family member every day. They can also read the book silently on their own. Alternatively, you or another family member can read the story to them. Make reading a fun daily activity in the home. Even ten minutes of reading a day can make a big difference to your child.

Reading well takes time and practice so encourage your child to read often. Making mistakes is a normal part of reading, so encourage and praise your child and help them when they get stuck. Take an interest in what the story is about and what happens in the story. Ask your child lots of questions and encourage them to talk about what they have read. It is important that your child understands the meaning of what they are reading.

**How do I know which story my child should be reading?**
The teacher will usually suggest which story your child should be practising. It is important that your child is able to read most of the words in the story. If the story is too difficult, they will struggle and not enjoy reading. If they are struggling, find an easier story. The idea is to build confidence by getting them to read at the right level. It is good to get your child to re-read the same story a few times before moving on to the next story.

**What if my child loses this book?**
Make sure that your child's name is written clearly on the book cover. If possible, cover the book to protect it. It is important to teach children how to care for books. They should not bend the covers or pages backwards, and they should always wash their hands before handling a book. Please keep the book away from babies to avoid it getting damaged. If the book gets lost or badly damaged, please speak to the teacher so that she can see if she has any extra books. It is really important that your child takes care of their book and does not lose it.

*Enjoy reading with your child!*

## KUBAZALI / NAKUBAGCINI BANTWANA

**Iyintoni le ncwadi?**
Lencwadi yinqokelela yamabali akwinqanaba elifanele umntwana wakho. Amabali esekuqaleni kwencwadi kulula ukuwafunda ngaphezu kwamabali asekugqibeleni.

**Ingaba le ncwadi ndizakuyisebenzisa ekhaya okanye esikolweni?**
Kwezndawo zombini - abantwana baza kufunda amabali esikolweni kunye notitshala wabo. Kwaye baza bazakubuya nale ncwadi xa begoduka ukuze baqinise indlela yukufunda kwabo. Xa abantwana befunda rhoqo, bayakhula kwindlela yokufunda. Ncedisa umntwana wakho ukuba anakekele incwadi kwaye ayibuyisele kubhaka wesikolo emva kokuyifunda. Umntwana makaye nayo esikolweni lencwadi yomke imihla. Ekupheleni konyaka, umntwana wakho angayithatha incwadi.

**Ndingamncedisa njani umntwana wam?**
Khuthaza umntwana wakho ukuba akufundele kule ncwadi ngokuvakalayo okanye afundele naliphi na ilungu losapho, yonke imihla. Unokuzifundela le ncwadi ngokunokwakhe. Enye indlela, wena okanye elinye ilungu losapho linokumfundela ibali. Yenza ukufunda kubesisiqhelo semihla ngemihla ekhaya kwaye nikonwabele. Imizuzu engama-10 kuphela ngosuku kungenza umehluko omkhulu.

Ukufunda kakuhle nangotyibiliko kuthatha ixesha kunye nokusoloko ufunda. Kungako ke kufuneka umkhuthaze umntwana wakho afunde rhoqo. Ukwenza iimpazamo yinxalenye eqhelekileyo yokufunda, ngoko ke mkhuthaze kwaye umncome umntwana wakho, umncedise apho asokola khona. Bonakalisa umdla kwibali nento eyenzekayo ebalini. Buza umntwana wakho imibuzo ngebali kwaye umkhuthaze ukuba akubalisele malunga noko akufundileyo. Kubalulekile ukuba umntwana aqonde intsingiselo yento ayifundileyo.

**Ndilazi njani ibali amele ukulifunda umntwana wam?**
Utitshala uyakucebisa ukuba leliphi ibali umntwana wakho amele ukulifunda. Kubalulekile ukuba umntwana wakho akwazi ukufunda amagama amaninzi kwibali elo. Ukuba ibali linzima, uzakohluleka ukulifunda kwaye lonto izakubangela ukuba angakuthandi ukufunda. Ukuba uyasokola ukulifunda ibali, khangela elilula. Eyonanjongo kuku khulisa ukufunda ngokuqinisekileyo ngokuthi afunde kwizinga lakhe elifanelekileyo. Kuhle ukuba umntwana wakho alifunde aliphinda phinde ibali phambi kokudlulela kwibali elilandelayo.

**Ukuba ngaba umntwana wam uyilahlile le ncwadi?**
Qinisekisa ukuba igama lomntwana wakho libhaliwe ngokucacileyo kwiqweqwe lencwadi. Ukuba unakho yikhusele incwadi ngokuyifaka iplastic. Fundisa umntwana wakho indlela yokunyamekela iincwadi. Akufuneki ayigobe iqweqwe incwadi kwaye kufuneka ahlambe izandla ngaphambi kokuba aphathe incwadi. Kufuneka ahlale egcine iincwadi zakhe kude kubantwana abancinci, ukuzikhusela. Ukuba le ncwadi ilahlekile okanye inomonakalo ombi, nceda uxelele utitshala ngokukhawuleza ukuze enze esinye isibonelelo. Kubalulekile ukuba umntwana wakho iyinakekele incwadi yakhe angayilahli.

*Konwabele ukufunda nomntwana wakho!*